Ukuzilahlela

Masime njalo ngoku njengoko sithoba iintloko zethu. Nkosi Yesu, siyakholwa nje kuphela. Wasiyalela ukuba sikholwe nje kuphela, kwaye siyakholwa ngoku. Kananjalo sizisa kuWe imibulelo sikubonga ngoko sesikuvile sakubona, oko kuyaluqinisa ukholo lwethu. SiKubulela kanjani khona ngeli thuba lilelinye lokuza ukuza kulungiselela abo basweleyo. Ngoku ndithandaza Wena, Thixo, ukuba ukhawulelane neemfuno zethu ngokuhlwanje ngokwesithembiso saKho. EGameni likaYesu Kristu siyakucela oku. Amen.

2 Sivuya kakhulu ngokuhlwanje ngeli lungelo lingaka lokubuyela kulo mnquba kwakhona, uku—uku . . . sineeNdaba ezilungileyo zeNkosi uYesu evukileyo. Kwaye ndifike kade nje. Bendinesigulana esingeniswe ngokungxamisekileyo esisuka eMichigan khona ngoku. Yaze iNkosi yamenzela into engumangaliso kwangoko nje. Bethu, indlela Azazi ngayo zonke ezi zinto ukuze azibeke nje . . . Akufunekanga uMxelele nto; Uyazi, Uyazi nje ukuba kuyintoni na. Kwaye ngoko sinombulelo kakhulu. Abantu baqhube imini yonke ukuza apha. Kwaye, ngoko, sinombulelo omkhulu ngaloo nto. Ngoku, ningayilibali i . . .

Ingaba livulelwe na eli khasethi? [UMzalwana uNeville uthi, "Naliya iqhosha lesibane."—Mhl.] Oo, iqhosha lesibane. Ndiyabona.

Ningazilibali ii—iinkonzo kule veki izayo, ngoLwesithathu ngokuhlwa, nangentsasa yeCawa ezayo, kwanangokuhlwa ngeCawa. Ukuba nobe nikho, ebumelwaneni, ndiyazi ngokuqinisekileyo ukuba bovuya ukuba nani apha.

Kwaye ngoku, maze nindithandazele, njengokuba ndikwindlela eya kwenye indawo, kwaye ndinethemba lokubuya kamsinya.

3 Ndifuna ukunibulela nonke ngobubele nangeenkumbulo enithe nandenzela zona. Kwaye umzalwana othile usandula kundithumela isuti entsha yempahla isuka ezantsi kwinkonzo encinane eGeorgia. Kwana—kwanabo bantu . . . Kuyamangalisa nje. Kwakhona ndifuna ukubulela abo bantu basuka ezantsi eKentucky, ebendinabo kwiveki ephelileyo ekhefini. Kwanako konke oko iNkosi yathi yasenzela kona apho, ngesikhulu, esinamandla isandla esathi saMbona ngaso, oko Wayekwenza.

4 Ngoku sithemba ukunibona kwakhona kwakamsinya, ngokukhawuleza nje ukuba ndibuyele ngapha, ndisiya enkonzweni eNew York. Apho kuse Stone Church

ndinoMzalwana uVick, ekuqalekeni, ndiyakholwa nguNovemba ngoweshumi elinambini. Kwaye siyakuba lapho, kwiintsukwana ezimbalwa ngaphambi kwexesha.

Size sidlule sinqumle kwakhona, sisiya e—eShreveport, eLouisana, noMzalwana uJack Moore. Kobe kukweyeMibulelo, iveki yeMibulelo, eyakube iphaya eShreveport. Ikho kwibhodi yeendaba, ndiyacinga, emva phaya kwizaziso.

5 Kwaye ngoko sithemba ukuba nabahlobo abathile abasuka eMazantsi emva kweKrismesi. Kwaye sobe sisePhoenix ngoJanuwari. Ukuze silindele umnxeba ovela phesheya, size sibe nokulungiselela iinkonzo zaphesheya. Bajongene nazo ngoku, kule nyanga iphelileyo uMzalwana uBorders, ebebhalela khona njalo, ukusuka kutyelelo lwehlabathi lonke oluza kuqala nje ukuba lube sele lulungile, kodwa kufanele silindele iimeko.

6 Izihlwele zikhulu gqitha phaya, asinakuze sibafake ezindlwini; kufuneka nje sibahlalise ebaleni. Kwaye ngamanye amaxesha ziyanda, phantse kube akukholeleki ngokwamanani, ngamanye amaxesha ziba kumakhulu amahlanu amawaka. Eso sisiqingatha sesigidi sabantu kwindibano enye; ingelonani liya enkonzweni kwiintsuku ezithile, kodwa kwindibano enye. Niyazi, abavangeli badla ngokubala ukuba bangaphi abantu abathi beze kwiiveki ezintandathu. Niyabona? Kodwa si—sibala nje ukuba bangaphi abakhoyo ngolo suku, ngelo xesha linye. Kwaye ke ngamanye amaxesha akubikho ndawo yakubahlalisa, niyazi, kufuneke sibabeke nje ebaleni ngaphandle.

Kwaye kufuneke sisebenzise amaxesha apho inganiyo idyudyuza imvula. Kwaye ezo ntsizana zabantu zihleli phandle phaya . . . Ndibabonile abafazi behleli phandle phaya bevuzisa iinwele, abantu abanxibe kakuhle, baye nje—nje behleli kulo mvula imini yonke. Behleli nje apho, ibe igalela, lidudumа, libaneka, nemimoya yeliqhwa ibhudla, kwaye bona besihla benyuka ngokwamaza begudlana njalo, behleli kanye apho, belinde ukuba ude uzekubathandazela. 'Yabona? Ngoku, niyazi ukuba uThixo uyaluhlonipha ukholo olunjalo. Uyayenza loo nto.

7 Kufuneke wenze into ethile ukuze uThixo ayihloniphe. Uyabona? UMbonise. Abantu abanikwe izinto zonke ngokulula, abadli . . . Bona—bona abenzi nto ngaloo nto, uyabona. Kufuneka ni . . . Isipho sisimahla, yinyaniso leyo, kodwa kumele—kumele ukuba ni . . .

8 Kubonakala ngathi kunjalo, uyazi, njengoko besithi, "Ukuba wazalwa unobutyebi," nakhe nakuva oko, "awubuxabisi." Kodwa xa kufuneka ubusebenzele, uyalivuyela ixabiso labo.

9 Ngoku nina bantu baphulaphule emakhasethini apho, ndingathanda uku—uku . . . Ndicinga ukuba ngoku ndi . . .

Ngale ntsasa, umyalezo ngale ntsasa ubunjalo, kum, ngowona ubalulekileyo uMyalezo kubo bonke ubuveleli bam; ngale ntsasa, 'yabona, owona ubalulekileyo uMyalezo kubuveleli bam bubonke. Ngenye imini ndizakunichazela ukuba weza njani na. Kwaye ndiyazi ukuba yonke into isebenze iinyanga ngeenyanga ngeenyanga, kude kuzo kutsho kulo uwodwa uMyalezo, unyuka ukuya kutsho kula ndawo. Elo ibilixesha lokuba uthweswe, uyabona. Kwaye iyi . . .

10 Ngoku ndiqinisekile, okanye ndiyathemba, ukuba nikufumene ukuba ubuthetha ntoni na uMqondiso. 'Yabona? UMqondiso usisiboniso sokuba iGazi lisetyenzisiwe. Ukuba, ixabiso elibiziweyo, elalifunwa nguThixo, uYesu walihlawula elo xabiso ngokuphalaza ElilelaKhe iGazi. Wakwenza oko. Ngoko, kubomi baKhe kwaphuma uMoya oyiNgcwele. Kwaye xa iGazi lithe laqatywa kuwe, uMoya oyiNgcwele unguMqondiso wokuba ixabiso lakho lihlawulwe; uThixo ukwamkele, kwaye oko kunguMqondiso. Khumbula, oko kunguMqondiso. Ngoku, kukho abantu abaninzi abangaziyo, a—abazi ukuba uyintoni na lo Mqondiso, 'yabona. Kwaye kufuneka wenze ngathi akukho uwaziyo, 'yabona, ukuze bebonke babenokuwufumana.

11 Kufana nje nokushumayela usindiso, kufuneka silushumayele usindiso ngendlela ayakuthi wonke ubani, lelomntu wonke, nto leyo, saziyo ukuba ayinjalo. Kufuneka sishumayele impiliso eNgcwele yomntu wonke, sisazi nje ukuba asiyoyakhe. 'Yabona? UYesu weza ukuza kusindisa abo babekwiNcwadi yeNtlangulo kwaphambi kokusekwa kwehlabathi. Weza nje ukuza kusindisa abo. Ngoobani bona, andazi. 'Yabona? Kodwa nina . . . Akukho nabani na unokuba nokholo ngaphandle kokuba ungathi lelomntu wonke; kwaye lunjalo, akukho bani unokuza ngaphandle kokuba ubizwe nguThixo. Leyo yinyaniso. Ngoko kukho abantu abaninzi abangasayi kusindiswa. Siyazi malunga noko. Bona, ke, uThixo wayazi loo nto ngaphambi kokuba ihlabathi liqale, ukuba babengayi kusindiswa.

12 Kukho abaninzi abangasayi kuphiliswa, 'yabona, abaninzi abayi kuphiliswa. Abanakho nje, abanakukuqonda oko. Abayazi nokuba yintoni na leyo. Abaninzi bophiliswa. Kodwa sishumayela ukuba kokwakhe wonke ubani, kuba asazi ukuba ngubani na loo mntu; asazi nje. Kodwa oko kokwalowo uthandayo, kodwa abantu abathile abanakho ukuluqonda olo kholo.

13 Ngoku, ikwayinto enye ngokumayela nalo Mqondiso. UMqondiso, besithetha ngoMqondiso ngalo lonke eli xesha, kodwa ngoku kukubonakalaliswa koMqondiso. 'Yabona?

14 Ngoku, ngamanye amaxesha siye sawuvumela. AmaLuthere awuvumela ukuba, “Ukwamkela iLizwi; ukwamkela uKristu njengoMsindisi wakho.” AmaWisile athi, “Xa uziva uvuya ngokwaneleyo ude ukhwaze, NguWo lowo.” OngowakwaMoya uthi, “Ukuthetha ngeelwimi, ngoko uWufumene.” Kwaye sifumanisa ukuba oko kukonke kwakungenjalo. ’Yabona?

UMqondiso nguMqondiso. Nguwe noKristu njengabantu nikunye. ’Yabona? NguMoya oyiNgcwele, uBomi baKhe ngaphakathi kuwe, busebenza ObubobaKhe—obaKhe uBomi ngawe. Kwaye ngowezityebi, amahlwempu, okanye nabani na oyakuWamkela. Ngoku khumbula, uMqondiso yiloo nto u . . .

15 Ungaya kwinkampani yakwaloliwe uthenge itikiti. Apho kukho ixabiso, ixabiso. Masithi kuxabisa amashumi amahlanu eesenti ukukhwela le—le bhasi, okanye indlela yakwaloliwe, ukusuka apha ukuya—ukuya eCharlestown, e-Indiana, kuxabisa amashumi amahlanu eesenti. Kulungile, ngoku, inkampani ikhupha imiqondiso ukuze . . . ’Yabona? Ngoku, into oyenzayo, uyahamba uhle aze umntu othile akuthengisele itikiti lakho, ngamashumi amahlanu eesenti. Bakunika umqondiso okunika ilungelo kulo loliwe de ayokufika apho aya khona, naphina apho aya khona lo loliwe. ’Yabona? Ukunika . . . Ngumqondiso lowo.

16 Ngoku, kule meko, igazi lalingumqondiso. Ngokwenene, lalimele ukuba liqatywe, kuba yayilichiza nje ababenalo, kuba yayiligazi lexhwane, isilwanyana, igazi lexhwane. Ngoko ke ubomi obabukwigazi, ubomi baphumela ngaphandle, ngoko ke igazi laphalazwa. ’Yabona? Ubomi baphuma, kodwa babungenakubuyela kwikholwa, kuba sisilwanyana. Kodwa babuthetha nje ngesazela esilungileyo, ukuthi kwakukho Ozayo, iDini eligqibeleleyo.

Kwaye, ukwenza Oko kube kokugqibeleleyo, uMgwebi wonke, uThixo wamaZulu, wabaliDini; uMgwebi, iNkundla, kwanoMmeli. ’Yabona? WabaliDini. Kwaye ngoko xa uBomi baKhe baphumayo, obabunguThixo . . . Kwaye iLizwi apho, xa lisiza, “Kwaye ndiyakubanika uBomi obunguNaphakade.” Ngoku, ngesiGrike . . . Ndiyazi ukuba ndithetha nezifundiswa. Ndibona ezibini okanye ezithathu. ’Yabona? Kwaye ndi . . . Kwaye igama lesiGrike apho, nguZoe. Z-o-e, ngesiGrike, othetha ukuthi, “UBomi bukaThixo ngokwaBo.” “Kwaye Ndiyakumnika u*Zoe,* uBomi baM Buqu.” UKristu noThixo babebaNye.

17 Ngoko, uBomi obabukuKristu nguMoya oyiNgcwele, hayi iSiqu sesithathu; koko ikwanguMntu omnye, ekwimo yoMoya oyiNgcwele, esihla phezu kwakho, njengoMqondiso wokuba ubomi bakho nexabiso lakho lohambo lihlawulwe, wamnkelwe. De ube lo mqondiso ufikile, awuvumelekanga

kwindlela ephakamileyo, awuvumelekanga kwi . . . esi—esikhululweni sooduladula; awuvumelekanga ukuba ungene de ubonakalise lo mqondiso, kwaye lo mqondiso yimali yakho yohambo. Kwaye ngoku Ubonisa ukuba iGazi liphalaziwe laza laqatywa kuwe, ixabiso libekiwe kuwe, kwaye unoMqondiso wokuba iGazi lisetyenzisiwe kwaye wamkelenkile. Niyayifumana ngoku? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Owu, bethu! Owu!

18 Ngoku—ngoku, asibubo nje ubungqina obuthile. 'Yabona? Nithi, "Mzalwana uBranham," ndiyakuva oko ezingqondweni zenu, niyabona, "ndakwazi njani?"

Khangela, wawusakuba yintoni, kwaye uyintoni ngoku? Nantso indlela oyakwazi ngayo. 'Yabona? Wawusakuba yintoni phambi kokuba lo Mqondiso usetyenziswe? Uyintoni emva koku-ba Usetyenzisiwe? Yayisakuba yintoni iminqweno yakho ngaphambili, kwaye iyintoni iminqweno yakho emva koko? Ngoko uyazi ukuba uMqondiso usetyenzisiwe na okanye hayi. Kwaye ezinye ezi izinto ziyazenzekela nje zihambe kunye naWo. 'Yabona?

19 Aku—akufani nokuthetha ngawo, uthi, "Iilwimi zibubungqina." Ngoku, ndizakunxulumanisa, uthenga iperi yezihlangu, ulwimi alusiso isihlangu. Luphuma nje nesihlangu, uyabona. Luphuma nje nesihlangu. 'Yabona? Ngoku, isekwayiloo nto uMqondiso. UMqondiso nguKristu. Kodwa ukuthetha ngeelwimi, nokukhupha iidemoni, nokwenza zonke ezo zinto, nokushumayela, kwanantoni na, bubungqina bokuba Ukho, yinyaniso, kodwa asi—asinguWo. 'Yabona, sisipho saWo. Ukuba ndikuxelela ukuba . . .

20 Uthi, "Ndiya—ndiyakufuna, Mzalwana uBranham," kwaye ndiyakukunika isipho, 'yabona. Kulungile, asindim lowo, sisipho sam eso. Iilwimi zisisipho soMoya oyiNgcwele, hayi uMoya oyiNgcwele; isipho soMoya oyiNgcwele.

21 Kwaye umtyholi angayilinganisa nayiphi na kwezo zinto, kodwa akangeze abe nguwo uMoya oyiNgcwele. 'Yabona? Angazilinganisa ezi zipho, kodwa akangeze abenguwo uMoya oyiNgcwele.

Kwaye uMoya oyiNgcwele unguMqondiso wokuba iGazi liqatyiwe, kuba Ulandela iGazi oko ukusukela kwiNcwadi yeNtlangulo. Niyayibona? Oko yayiyinjongo yokuza kwaKhe. Koko Awakulandelayo kwisigaba ngasinye. Kwisigaba ngasinye Walandela oko, ukubona ukuba oko Kuyaveliswa, kwaye babengenakwenziwa bagqibelele ngaphandle kwethu. Kwaye ngoku uwonke uMoya oyiNgcwele utyelela iBandla, usenza uThixo ekwinyama yomntu; njengoko Wenzayo ngaphambi kweSodom, etshisa apho, nto leyo yayingumzekelo. Ngoko, u-Abraham, Wavela kuye.

22 Kwaye zonke izinto Angazenzanga kwizigaba zonke, kwizigaba zamabandla, Uyazenza ngoku. Kubuyelwa eLizwini, kuba imiyalezo nemiyalezo nemiyalezo kufanele ukuba iyokuqhina kwiLizwi liphela. Kwaye kwimihla yokugqibela, amaTywina aSixhenxe evuliwe, ibikukuqokelela wonke obhadulayo oshiyiweyo ngawo, ukuze loo nto iyonke yenziwe umzimba omnye omkhulu woMtshakazi, abo babephila phaya kudala babengagqibelelanga de eli Bandla ligqityeleliswe, eli qela loMtshakazi kwimihla yokugqibela, ukuze ungeniswe ngaphakathi ukuze bekunye benyuswe. 'Yabona?

23 UMqondiso, uYesu Kristu, uMoya oyiNgcwele, uphakathi kwethu. Simele kukukuhlonela oko. Asi—asi—asinakuzithoba ngokwaneleyo. Ukukhulula izihlangu zakho, okanye uwe ngamadolo akho, akuyikukugxotha oko; yona akusayi—akusayi kukholisa, akusayi kusanelisa; koko bubomi obuvelisa iziqhamo zoMoya!

24 Ngoku yintoni isiqhamo soMoya? 'Yabona? Luthando, uvuyo, uxolo.

25 Niyakhumbula ngale ntsasa? Amalungiselelo, kuthunyelwe umthunywa enoMyalezo. Into elandelayo Ayenzileyo, emva kokuba Ethumele umthunywa enoMyalezo, Uthumele iNtsika yoMlilo njengobungqina. Enye into yayikukuba, emva koko, yaba liqela-. . . okanye intuthuzelo. 'Yabona? Nanisazi ukuba kwakuyinyaniso, nanonwabile. Sinoxolo noThixo, ngeNkosi uYesu Kristu. 'Yabona?

26 Ngoku ngokuhlwanje sizakuthandazela abagulayo, kwaye ndiyacinga ukuba banomthendeleko. Niza—nizakuba nobhaptizo, inkonzo yobhaptizo? [UMzalwana uNeville uthi, "Hayi."—Mhl.] Ngumthendeleko nje, umthendeleko. Kwaye sifuna nilindele umthendeleko.

27 Kwaye kwi—kwimizuzu engamashumi mathathu anesihlanu okanye amashumi amane emizuzu sijonge ukuba sibe sesigqibile kwaye sesilungele umthendeleko. Kwaye ngoku, ngomso lixesha loMhla waBasebenzi, ngoko ningakhe niphumle. Ngoku, bendithe ziinjongo zethu ezo, niyabona. Andazi ukuba ngaliphi na ixesha. Ndifuna ukuqiniseka ngokukulungisa oko.

28 Ngoku, ngale ntsasa bendinixelele, ndingekho kunye nani, ndiya—ndiyacinga besinezinye iiyure ezimbini okanye ezintathu zoMyalezo ngale ntsasa. Kodwa—kodwa ndi—ndiqale nje, kwaye bendicinga ukuba ndoqhubeka ngoko ngokuhlwa nje, kodwa ububaluleke kakhulu nje. Andazi nokuba abantu bawufumene na okanye hayi. Ndiyathemba ukuba bawufumene, kulo lonke. Kwaye ndiyathemba bekukho amakhasethi awulungeleyo, ukuze ubenokuthunyelwa ngaphandle, waziwe, ukuthi ndiyakholwa, kuwo wonke uMyalezo endakhe ndawuzisa, lowo ubumiselwe nguThixo

ngokupheleleyo, ngaphandle kwe...Kakade, umyalelo wesiqhelo, njengaMatywina aSixhenxe nezinye izinto, elo yayiliLizwi likaThixo ngqo. Ndithetha malunga ngoMyalezo ozakuwushumayela; ndiyakholwa ukuba ibinguwo lowo, 'yabona, lowo—lowo, ibingulowo bekufuneka ulandele loo Matywina aSixhenxe.

29 Ngoku khangelani ukuba kulandela ntoni emva kwaMatywina aSixhenxe: ukumanyana kwabantu, imiqondiso emanyeneyo, isibane esibomvu esilanyazayo kwimihla yokugqibela, umqondiso wabafazi besibabahle nangakumbi, kunye namadoda, into ayakuyenza. Yonke le miqondiso yoMoya oyiNgcwele ukukhokelela phezulu, uze ubuye uze kanye apha ukuza ekugqityezelweni kwayo kwayo yonke lo Miyalezo ukususela kuMatywina aSixhenxe. Igqityezelwe kule nto inye, uMqondiso, ukuba sonke silungile, 'yabona, sikhangele nje eziqwini zethu sibone ukuba sikulo na uKholo.

30 Ngoku, iNkosi inisikelele. Kwaye ngoku phambi kokuba si—phambi kokuba sityhile kwiBhayibhile, ukuze sithandazele abagulayo...Besibuzile ngale ntsasa, ukuba bangaphi na abathandazelwe kwiCawa edlulileyo, abo—abo—abo baphilisiweyo, abo sebephilisiwe kwiveki ephelileyo, kwaye eneneni wonke ubani owayekho waphakamisa isandla sakhe, oko bekukwinkonzo yeCawa edlulileyo. Ngoku, kuyinto ethile, niyaqonda. Kuyinto ethile e...Yi, ndizigcinela kona oku.

31 Kwakukho inkwenkwana encinane, oko bekusandula kuxelwa ngoku nje, eyehla ivela eChicago, omncinci uNkosikazi...Ngula mfazi, uPeckinpaugh, uPeck-... uNkosikazi uPeckinpaugh osuka—osuka... Ungocokisekileyo udade onguMkristu. Kwaye uze nomntu othile, u—umntwana, indlela endiqonda ngayo, inkwenkwe encinane okanye into eyenye, lowo—lowo...oogqirha bangazange bazi nokuba yintoni na undonakele kuyo. Imiphunga yayo yonakele kakhulu, okanye enye into, kangangokuba—kangangokuba babengenakwenza...babengenakho ukumfaka esikolweni okanye kwenye into. Yayikwimeko embi, embi kakhulu. Kwaye wathi, uMoya oyiNgcwele kanye emva koMyalezo, wathetha kuloo nkwenkwana, waza wayibiza, wayixelela imeko yayo njalo njalo, waza wavakalisa ukuphiliswa kwayo.

Kwaye kule veki iyile, unina okanye abazali, okanye nokuba ibingubanina, wayithabatha wayiphindisela kugqirha, waza ugqirha wathi inemiphunga emitsha nje, 'yabona, imiphunga emitsha nje. Kwaye indlela endazi ngayo, kukuba a—kukuba abazali okanye umntu othile utsale umnxeba ekude, okanye ngendlela ethile, ukwazisa oko ebandleni. 'Yabona? Ngoku, uThixo, uMdali, unakho ukwenza imiphunga emitsha.

32 Ndiya—ndiyakholwa ngenene ukuba siku—kumda weyona inamandla kwizinto ezakha zagaleleka emhlabeni ukususela kwimihla yeNkosi uYesu. 'Yabona? 'Yabona? Kodwa ngoku

singaziwa nje njenge. . . Iyakuba yethobeke kakhulu. 'Yabona? 'Yabona, oko abantu bakubiza ngokuba *kokubalulekileyo,* uThixo ukubiza ngokuba "lisikizi." Kodwa oko abantu bakubiza ngokuba *bubudenge,* uThixo ukubiza ngokuba "kokubalulekileyo." 'Yabona? Ngoko ngoku yijonge, 'yabona, yoba yethobeke kakhulu kangangokuba ungabi nakuyiphosa. . . kangangokuba uyiphose ukuba awunawo uMqondiso apho wokuyivavanya, uyabona. 'Yabona?

33 Ngubani owayenokucinga ukuba iintaba zazixhuma-xhuma okweenkunzana zegusha, namagqabi aqhwabe izandla zawo, xa umprofeti wezayo evela entlango; oko kwathethwa ngu Isaya, kwishumi elinesibini lamakhulu. . . okanye amakhulu asixhenxe anambini eminyaka ngaphambili. Enamabhovu kubuso bakhe bonke, nesiqwenga sofele lwegusha, kungekho nepulpiti le anokushumayelela kuyo, wayesikiwe kuzo zonke iinkonzo, emi kudonga lomlambo iYordane, ekhwaza, "Guqukani!" Kwaye abantu ebabiza ngokuba liqela "lamarhamba," iinyoka. Kodwa koko uThixo wakuthethayo, ukuba xa Efika, "iintaba zodloba okweenkunzana zegusha." 'Yabona? Abathobekileyo bakubona oko bavuya.

34 Babenokuqonda njani ukuba u. . . ukuba uMesiya omkhulu, ekwaprofetwayo ngaye ukusuka kanye ekuqaleni kwiNcwadi, iGenesis, ukuba Wayeyakuza, uMsindisi? Onke amadini, nabo bonke abaprofeti, nayo yonke into yayikhomba kuYe. Kwaye ngoko ekufikeni kwaKhe, ebalelwa ekubeni ngumgqakhwe ngokuzalwa; uyise owayengatshatanga kwa- ukutshata nonina waKhe, kucingwa njalo. 'Yabona? Kwaye loo mfazi wafunyanwa ekhulelwe kwaphambi kokuba batshate. Waza weza ngolu hlobo, kwaye wazalelwa kwe—kwencinane. . . Kulungile, kuthiwa sisitali, eBhayibhileni. Kodwa isitali ngalo mihla yayingumqolomba ngemva—ngemva eludongeni. Ndakha ndahlangana nendawo enjalo e-Arizona ngaxa lithile, ndizingela. Kwakukho isitali ngemva phantsi kweliwa lamatye. Kwaye leyo yindlela uYesu awazalwa ngayo, emva kwesi sitali sincinane kwiliwa emkhumbini wesitha neendiza, kwishedi yeenkomo, 'yabona, apho yayikhona imfuyo.

35 Kwaye wakhuliswa njengomncedisi womchweli, kwaye wayenokuthini Lowo ukuba nguYehova onamandla? Kodwa yayinguye, 'yabona. Yayinguye. 'Yabona? Uhlobo olungaqhelekanga kangako loMntu. Kodwa, owu, xa nje Wayeyinkwenkwe, Wamangalisa abefundisi ngokulazi elo Lizwi. Kuba kutheni? WayeliLizwi. 'Yabona? WayenguLizwi.

Akazange abhale ncwadi. Akazange abhale i—Akazange abhale lizwi. Ilizwi ekukuphela kwawakha Walibhala, ndiyaqikelela, walicima, e—entlabathini, xa umfazi othile wayethatyathwe ekukrexezeni. Akazange wabhala lizwi. Kuba? WayeliLizwi. 'Yabona? WayeliLizwi. Kwakungekho mfuneko yokuba Alibhale; ubomi baKhe babuphila Lona.

WayeliLizwi. Ukuba U. . . "Ukuba andiyenzi imisebenzi kaBawo waM, ngoko musani ukukholwa kuM." 'Yabona? "Ukuba Andenzi kanye oko iLizwi lathi ndiyakwenza kona, ngoko Andinguye uLizwi. Kodwa ukuba. . . "Nantso into Awayethetha yona. UliLizwi.

36 Ngoko ngoku zilungiseleleni ngoku le—le nkonzo yempiliso izayo kunye nomthendeleko. Singakuvuyela ukuhlala kwenu nathi ukuba ninganakho. Ukuba aninakho, kulungile siyakwahlukana kwangoku.

37 Kwaye ningalibali, nindithandazele nithandazele nenkosikazi yam, oyena mfazi uthandekayo kwihlabathi lonke, kwana—kwanabantwana bam. Kwaye ngoku ndibabangile, bonke ngabanye, kwiNkosi uYesu.

38 Ngoku, uBecky ukubudala nje bobu "ricketta," obuncinane, niyazi, kwaye nje u—ubu"teen-annie," obuncinane, njengokuba sasidla ngokububiza. Kwaye ngoko ukobobudala kanye. Kodwa, ngoku, uyintombazana ethandekayo kakhulu, kwaye ndi—ndiyayibulela iNkosi ngaloo nto; akatshayi, akaseli, akahilizi, konke. Kodwa uko bobudala nje, a—akakhathali. Akafuni kuya enkonzweni, kwaye, ukuba uyile, uhlala phaya ngemva ehlafuna intshungama, aphakame aphume phandle. Nako, 'yabona. Ndifuna ukumbona ezaliswe nguMoya oyiNgcwele.

39 Ndifuna ukubona uJoseph, ndifuna ukuba laa nkwenkwe. . . Ndiyakholwa ukuba ngenye imini xa ndingasenakho ukuhamba ndiye epulpitini, ndifuna ukuthabatha le Bhayibhile igugileyo ndiyinikezele kuye, ndithi, "Joseph, hlala kuYo, nyana." Ngoko ndakube ndilungele ukucangcatha ndinyuka. Ndifuna ukuwuva umoya ubhudla ndaweni ithile, ndikhangele phezulu, ndiwangawangise ngesandla sam, ndindize.

Masithandaze.

40 Bawo Thixo, ubomi bethu bubonke buthandelwe Koko, kuba BunguWe, kwaye Wena ubuBomi bethu. Ngoku kukho abanye apha, Nkosi, aba—ababambe kwalo Mqondiso bendithetha ngawo. Babenawo lo Mqondiso, kodwa basagula nangoku. Kwaye ndifuna ukuthetha ngokubanika inkuthazo ngokuhlwanje, u—ukubakhuthaza ukuba bathabathe amalungelo abawaphiwe nguThixo. Banelungelo lokumeyisa loo mtyholi. Sele oyisiwe, kwaye uyabakhohlisa nje. Ndiyababanga, Bawo.

41 Ngoku ndincede ndithethe iLizwi. Thetha ngam, Nkosi, ngala manqakwana ambalwa ndiwabhale phantsi apha, neziZibhalwana zibhaliwe. Ndiyathandaza ukuba Undincede, Nkosi, ungene eLizwini ubanike ukholo ukwenzela uzuko lukaThixo. Ndithandaza eGameni likaYesu. Amen.

42 Ngoku ngokukhawuleza, ndifuna ukuba nityhile kwiBhayibhile kwiNcwadi kaYeremiya isahluko sama-29, ukuba ningathanda ukufunda. Okanye, ukuba anithandi, yibhaleni nje phantsi. UYeremiya, isahluko sama-29. Kwaye sizakuqala ngevesi ye-10 kaYeremiya, ivesi ye-10 yesahluko sama-29. Ngokunjalo, sizakufunda kuLuka, kwisahluko se-16, siqale ngevesi ye-14.

43 Ngoku ndiza kuninika itekisi yam, ngelixa nisa—nisa—nisatyhilayo. Itekisi yam ngokuhlwanje ku *"kuzilahlela."* Kwaye ndi. . . Ukuzilahlela, kwaye, ngoku, niyazi ukuba kuyintoni na ukuzilahlela.

Kwaye ngoku sizakufunda kuYeremiya isahluko sama-29, ivesi ye-10.

Ngokuba utsho uYEHOVA ukuthi, Xenikweni iBhabheli izaliselwe iminyaka emashumi asixhenxe Ndiyakunivelela, ndilimise kuni iLizwi lam elilungileyo, lokunibuyisela kule ndawo.

Ngokuba Ndiyazazi iingcinga endizicingayo ngani. . . (Akumnandanga oko?) *. . . utsho uYEHOVA, iingcinga zoxolo, ezingezizo ezobubi, ukuba ndininike ikamva nethemba.*

Niyakundinqula, nize nithandaze kum, ndiniphulaphule.

Niyakundifuna nindifumane, xa nithe nandifuna ngentliziyo yenu yonke.

Ndifumaneke kuni, utsho uYEHOVA: ndiyakukubuyisa ukuthinjwa kwenu, ndinibuthe. . . ezintlangeni zonke endanigxotha kuzo, nasezindaweni zonke endanigxotha kuzo, utsho uYEHOVA; ndi. . . ndinibuyisele e—endaweni endanifudusa kuyo. Nibuyele kwiPentekoste! 'Yabona?

Ndiyifaka loo nto, ngokwam. Oko akuthethi loo nto. Koko ndandithetha kona eBandleni.

ULuka 16, siqale kweye-15 ivesi, okanye eye-16 ivesi.

Yayingumthetho nabaprofeti kwada kwakuYohane: kuselokoko ubukumkani bukaThixo buyashunyayelwa, bonke bayangena kubo ngokugonyamela.

"Wonke umntu ungena ngokugonyamela kuBo." Akahambi nje ngokulula angene kuBo, ngokulula, koko umelwe kukugonyamela ukuze angene kuBo. 'Yabona? Ngoku, "Xa niNdifuna ngentliziyo yenu yonke ngoko Ndiyakufumaneka."

44 Kwaye Wathembisa ukuba Wobathabatha ababuyise abantu, apho basasazeke khona kwihlabathi lonke, emveni kwalo minyaka imashumi asixhenxe, ababuyisele eJerusalem apho babemke khona; kwaye Wakwenza kanye ngolo hlobo oko. Injalo loo nto.

45 Ngoku sizakuthetha ngo—ngoku*Zilahlela* imizuzu nje embalwa ngoku. Kudla ngokuba yimo yonxunguphalo ethi isiphose ekuzilahleleni. 'Yabona? Kubi kakhulu ukuba kube njalo. Kodwa abantu banobuvila kakhulu ngeengqondo zabo, kangangokuba kuthabatha unxunguphalo. Into ethile ethi ivele, kwaye xa kunjalo, iye i—ibaphose koko kuzilahlela. Kwaye ngenene, ngokwenza oko ngokuzilahlela, kuvelisa loo nto uyiyo ngenene. Kubonisa oko ukuko, ngexesha lokuzilahlela. Kudla ngokuphuhlisa ezo zinto zilungileyo zingaphakathi kuwe.

46 Ngexesha lokufa, ndakhe ndabeva abantu xa babesazi ukuba babesifa, izinto ababezigcine zilihlebo ubomi babo bonke, bona, ngokuzilahlela, babezama ukuzivuma. 'Yabona? Kwaye bazame, "Thabatha *le* uyilungise; hamba, nceda; hamba, yenza," 'yabona, ngokuzilahlela. Babefanele ukuba oko babekwenze kwangaphambili, 'yabona, hayi ukulinda de ibe lixesha lonxunguphalo. "Ungandenzela *okuthile-thile?*" Unxunguphalo lubangela ukuzilahlela. Xeshikweni, simelwe kukukwenza ngaphandle konxunguphalo oko.

47 Ngoku siyaphawula, ngokuhlwanje, ukuba sithabatha imiqondiso yePasika. Kwaye ngoku iPasika yayidliwa phantsi konxunguphalo, ngamaxesha okuzilahlela. Nophawula, kwi—kwi-Eksodus isahluko se-12, ivesi ye-11 yesahluko se-12, ndiyakholwa ukuba siso, ithi, "Yidleni le Pasika nineembadada ezinyaweni zenu, nizibhinqile izinqe zenu, nikwa nentonga esandleni senu," 'yabona, niyidla nisekuzilahleleni.

48 Basibona isandla esikhulu sikaThixo. Babeyibone yonke imimangaliso yaKhe, kwaye ngoko beza phantsi kophawu loMqondiso. Kwaye xa babephantsi kophawu loMqondiso, baye benza umthendeleko be—besekuzilahleleni, kuba babesazi ukuba ngelo xesha uThixo wayelungiselela ukubetha ngomgwebo.

49 Kwaye yayilixesha lomothuko. Yayilixesha apho wonke ubani wayezivavanya, kuba iLizwi lomprofeti alizange lasilela nangelinye ixesha. Lalifunyaniswe linyanisile. Nakuphina awayekuthethile, kwenzeka kanye ngalo ndlela wayekuthethe ngayo. INtsika yoMlilo yayisekho. Kwaye, ngoko, umprofeti wayevakalise ukuba uThixo wayeyakudlula kuphela xa athe Wabona umqondiso emnyango. Kwaye yayikukuzilahlela oko.

50 Ndiyacinga ukuba abantwana babe. . .xa babona ezo zinkulu, zimnyama iimpiko zisiwa ukusuka esibhakabhakeni ngokomsi omkhulu uzinza phezu kwesixeko, izikhalo ziphuma kuyo yonke indlu, abantwana banokuba baya kooyise baza bathi, "Tata, uqinisekile ukuba siphantsi kwala mqondiso?"

Kwaye wayeyakuya emnyango, akhangele esibondeni, isibonda esiphezu komnyango, athi, "Nyana, oko kwenzeka ngokweLizwi laKhe."

"Khumbula, ndingoyena mdala umntwana wakho. Tata, ingaba uqinisekile?"

51 "Ndiqinisekile! Oko kwenzeka njengoko umprofeti wasixelelayo, kwaye uneLizwi leNkosi, 'Wathi, 'Xa Ndithe ndabona igazi, Ndodlula kuni. Thabathelani ixhwane endlwini.' Ndiningenise nonke nina bantwana. Ungoyena mdala, kodwa izibulo lam. Ngulowa ufayo phandle phaya; kodwa *likho* igazi. Nako awayekuko u-ITSHO INKOSI. Ngoko zola, nyana wam, zola ungaxhali, kuba uThixo wasenza isithembiso. 'Yabona?"

"Ke, Tata, kutheni uzinxibile nje iimbadada zakho? Kutheni unentonga esandleni sakho? Kutheni uneqhekeza lesonka nje kwesinye isandla kunye nexhwane kwesinye isandla? Kutheni kukho iingcambu ezikrakra nokunye? Kutheni usitya loo nto nje? Umbilo lo uqengqeleka ebusweni bakho ngowani na?"

"Nyana, ukufa kulungiselela ukuhlasela." 'Yabona, kwakukwilixa lokuzilahlela.

52 Ngoku ndiyakholwa siphila kwimihla esi . . . Okanye, kungenjalo, imihla esiphila kuyo imele ibangele iNkonzo ingene ngokupheleleyo ekuzilahleleni. Ndiyakholwa, ukususela kumyalezo wale ntsasa ovela kuThixo, hayi kum, ndiyakholwa ufanele ukuphosa lonke eli bandla ekuzilahleleni, sidlale ithuba elide ngokwaneleyo. Siyihambile inkonzo ixesha elide ngokwaneleyo. Simelwe sibe nento esiyenzayo.

53 Kunjani xa sibona eminye emikhulu imiqondiso nemimangaliso zisenziwa kwabanye, kwaye sithini malunga nathi? Kufanele kubangele indawo yokuzilahlela, oko sikumisileyo, phambi kukaThixo. Iimiqondiso yokuza kwaKhe imele ukuba inikelwe eli bandla liphela, xa besikufunda kwiLizwi . . . Kwaye uMoya oyiNgcwele uthe kuthi, "Yiyani kwindawo ethile, *enje-nenje* into yokwenzeka," awusixelelanga ukuba yoba yintoni, koko yayiyakwenzeka. Xa sifika apho, yenzeka ngolo hlobo. Amaphepha-ndaba abanayo, noolindi-xesha babanayo, babonise nomfanekiso wayo. Nibuye nize apha nibone imimangaliso emikhulu, efihliweyo eBhayibhileni, ityhiliwe kuthi; kwindima entsha esingazange sayazi ngaphambili, kwaye ngokupheleleyo nje inqika ukuZa kweNkosi uYesu.

54 Ngoko, ekupheleni kweMiyalezo, khangelani izenzo zoMoya oyiNgcwele, Mboneni esihla esiza ebonakala phambi kwabantu, ningade nithabathe nemifanekiso yaWo. Wuboneni usebenza ukwazibonakalisa ukuba awunguye umntu, awungomshumayeli nje, awulo bandla lithile. NguMoya oyiNgcwele obonisa kwaloo nto inye Wayenzayo xa waye engaphakathi kumzimba kaYesu Kristu. Ngoku uphakathi kuMzimba woMtshakazi waKhe. Umele usiphosele ekuzilahleleni.

55 Abo bantu basibona isandla sikaThixo. Kwaye ngobo busuku bomthendeleko, bawenza kunye ne... besekuzilahleleni, kuba babesazi ukuba nto ithile yayilungiselela ukwenzeka. Kwaye siyazi ukuba kukho into elungiselela ukwenzeka. Kwaye khumbulani, ukuZa kweNkosi koba liqubuliso, ukumka ngokufihlakeleyo. Woza aMthabathe ngokwesela ebusuku. Kwaye ukucinga ukuba mntu uthile ngequbuliso, kukho amalungu entsapho zethu emnkileyo, nibe nina nisele ngasemva! Oko kumele ukuba kusiphose ekuzilahleleni, ukuthi, ngenceba kaThixo, asiyi kushiywa ngasemva. "Ukuba kukho into endingayifuniyo...Musa, musa ukundishiya, Nkosi."

56 Kwiintsukwana ezimbalwa ezidlulileyo ndandiphulaphule uMel Johnson ecula lo ngoma:

> Ndikhumbule xa iinyembezi ziqukuqela zisihla, ewe,
> Ndikhumbule xa izihlobo zindishiyile;
> Kwaye xa ndicanda lo mlambo weYordane,
> Xa Uyakuba ukhwaza abakhoyo, uzundikhumbule.

57 Kwaye kweye Xhwane iNcwadi yoBomi, ndifuna igama lam libhalwe. Ndifuna Andikhumbule xa kubizwa abakhoyo. Kwaye oko kundiphosela ekuzilahleleni, oko kukuthi, njengoko uPawulos wathi, "Emveni kokuba ndishumayele iVangeli ingaba ndoba ngozi-fun-elayo ukuhamba, ndoba ngo— ngolahliweyo na?" Kusenokwenzeka. Ngoko ke kundiphosa kwisigaba sokuzilahlela, ukuzilahlela, ukucinga ngo, emva kwayo yonke le minyaka yokushumayela, ingaba ndinga— ndinga...xa kufika kwindawo apho ndinokuMphoxa kuyo? Yintoni inyathelo elilandelayo? Mandenze ntoni eyenye? Kwaye kundiphosa kwisigaba soloyiko. Yintoni endingayenza? Kundiphosa ezintabeni nakumathafa. Kwaye kunzima, kuba xa ndikunye nabantu, kufuneka ndibe yinto yonke kubantu bonke, ukuze ndise abanye kuKristu nalo Mqondiso ndisenawo phambi kwam. 'Yabona?

58 Kwaye ndibona izinto ezizayo, kwaye kunzima ukuxelela abantu. Ubona izinto ezahlukeneyo, kwaye unqandiwe. Lo mibono banayo, kwaye ngamanye amaxesha bobalusizi ukuba uthe wabaxelela, kwaye wazi ngokungcono kunokwenza njalo. Kwaye ungena ngokunzulu kwimibono de yonke into ibonakale ingumbono, ize ikuphose kwisigaba soloyiko. Uya— uyajonga uze uthi, "Ngoku ndikumbono na?" Kufana nokuhlala kanye apha, "Ingaba ngumbono lo? Ingaba ndimi phi kanye?" 'Yabona, u—uzisesebenzisa ngokugqithisileyo, uzirhafisa ngokugqithisileyo. Uze ufumanise izinto ngabantu oye unqwenele ukuba ubungazazanga. Abantu abathi bazinqwenele ezi zinto, ukuzazi ezi zinto, abaqapheli ukuba

olo hlobo lobulungiseleli ludla kangakanani na. Awukwazi ekuhamba nako. Ngoko ikuphosela ekuzilahleleni, "Nkosi Thixo, ndiyazi ukuba kofuneka, ndiphendule."

59 UJack Moore wakha wathi kum ngaxa lithile, "Andingethandi ukukuphendula ngendlela oyakwenza ngayo, kuSuku loMgwebo." Wathi, "UThixo ubabeke aba bantu ezandleni zakho, kwaye kuza kufuneka unike inkcaza ngaba bantu ngamnye kubo. Uzakuphendula ngobufundisi bakho." Kwakumalunga neshumi elinantlanu leminyaka edlulileyo, okanye mhlawumbi neshumi elinesibhozo. Kwaye ukususela ngoko, ndaba soloko ndisekuzilahleleni. Ndizakwenza ntoni?

"Mandithethe kuphela oko Ukutshoyo, Nkosi. Mandibaxelele ukuba yintoni na iNyaniso, okanye ndingathethi kwanto." Kundiphosela ekuzilahleleni.

60 Ngoko xa sibona ezi mpawu zifika, sibona uMoya oyiNgcwele usithabathela phandle phaya, uze uzise la maTywina, u-wabeke ngolo hlobo. Uzise Izigaba ZeBandla uzingenise ngaphakathi, waza wehla eyenkulu iNtsika yoMlilo emva phaya, waza—waza Wazibonakalisa. Wabuya weza kwenye into elandelayo, kumaTywina aSixhenxe, wawabonakalisa. Wada wawabhala emaphepheni nakoolindi-xesha. Waza wangena wathabatha iingelosi zikaThixo, ezo ngelosi zisixhenxe zineMiyalezo esixhenxe, uqinisekile kanye oko kwathethwayo yiBhayibhile. Ngoko, ngelo xesha, weza usizisa loo Matywina . . . ezo mpawu, oodanya-danya bokuphela kwexesha, uzizisa ebantwini ubaxelele ukuba zizintoni na, namalunga konke ngazo, kwaye iNkosi isebenza kanye apho iZibonakalisa ubukho bayo. Kwakhona, kanye ezantsi njengale ntsasa, uze ukuza kufuna lo Mqondiso kumntu wonke. Ngoko, ningabantu bam. Ningabo ndibathandayo, aba kunye nabo baphulaphule kumakhasethi, njalo njalo. Ngoko niyakukubona oko kuzilahlela apho kuthi kundibeke khona.

61 Ukuzilahlela. Iimpawu zoKuza kwaKhe Zimele ziphosele lonke ilungu likaKristu ekuzilahleleni ngoku, malunga nemiphefumlo yethu, malunga neyethu—eyethu—eyethu intlalontle emveni koku. Kulungile, sizakwenza ntoni ukuba silizuza lonke ihlabathi? Yintoni esiyi, siphilela ntoni? Nisebenzela ntoni? Nidlela ni? Yintoni enizabalazela yona? Ukuphila. Niphilele ntoni? Ukufa. Kwaye anikulungelanga ukuphila de nibe nilungele ukufa. Yinyaniso leyo.

62 Kwaye sibona imimangaliso emininzi yokuphilisa, kumele ukuba kusibeke ekuzilahleleni.

63 Ukuba la nkwenkwana iselula . . . Ingaba ndikhangele kuNkosikazi uPeckinpaugh ngoku? Ingaba nguNkosikazi uPeckinpaugh lo? Ingaba nguwe lo ubunenkwenkwe elapha,

into ethile okanye enye? Kutheni, nantsi inkosikazi ebendithetha ngayo ihleli kanye apha. Kwenzekile nje ukuba ndikhangele ngaphaya ndaza ndayibona.

64 Ngoku ukuba uThixo angayenzela oko la nkwenkwana, kofuneka oko kusiphose ekuzilahleleni.

65 Indoda ethile esuka eNew Albany, mhlawumbi ilapha ngokuhlwanje. Ingumhlobo kuMzalwana wam uRoberson. Unenkwenkwe eselula apha. Ndiyacinga ukuba inkosikazi yakhe yayinomhlaza yaza yaphiliswa. Kwaye—kwaye ngoku, inkwenkwana le inesifuba esibi kakhulu kangangokuba ikwimo embi kakhulu. Oselula umfo, ophantse wanomhlaza womqala, naye buqu. 'Yabona? Kwaye ngoko uzise le nkwenkwana incinane, ewe, ndiyasibona isandla sakhe siphakamisile phaya emva, emva phaya, ebethandazelwe ngale ntsasa, niyabona.

66 Ukuzilahlela! Xa inkosikazi yayikufuphi nokufa ngumhlaza, wazi ukuba uThixo angayiphilisa. Kwaye ukuba uThixo wayenokuyiphilisa inkosikazi, uThixo wayenokuyiphilisa inkwenkwe. Kwaye oko kuphosela oko kwimo yokuzilahlela. 'Yabona? Yizani; kwaye xa nizilahlele, ngoko uThixo woniphulaphula. Kodwa ukuba nje ningamavila, anikhathali nokuba Uyakwenza okanye hayi, kulungile, ngoko kwahlukile oko. Nithi nenza njalo, kodwa kuthabatha ukuzilahlela ukwenza oko.

67 Ndiyakholwa ukuba isizathu sokuba singabinako ukuzilahlela kukunqongophala kothando, uThixo, uthando lukaThixo. Ndiyacinga ukuba uthando lukaThixo lubangela ukuzilahlela. Ukuba uThixo ungaphakathi kuni, uMqondiso ungaphakathi kuni, nokuba niyazibona iimeko zexesha, nabantu besiwela esonweni ngolo hlobo, konilahlela ekuzilahleleni. Ndiyakholwa kobanjalo.

68 Ngoku iLizwi liyichaza ngokucacileyo, ukuba nifuna ukuyibhala phantsi, kumaGalati 5:6, ukuba, "Ukholo lusebenza ngothando." 'Yabona? "Ukholo lusebenza ngothando." Kwaye inye kuphela indlela onokuba nokholo ngayo, kukuba nothando kuqala. Kuba, ngapha koko, ukholo yinkuthazo yothando. Inkuthazo, yiloo nto kanye i—inkolo eyiyo. Yinkuthazo kuthando. Ngoku, nina, ukuba aninalo uthando, aningekhe nibe nalo ukholo. 'Yabona?

69 Unganalo njani ukholo kwinkosikazi yakho xa ungayithandi? Oko kukukwi *phileo*. Ngoku nithini malunga ne *agapao,* kuThixo? Kunganjani xa ungamthandi uThixo? Ukuba wawuthe uyamthanda umfazi wakho, kwaye azange umxelele malunga noko, uhlale phantsi ubonakalise ukumthanda, ulucacise kuye, umphuze, umange, umxelele ukuba unguyena upheka ngcono esizweni, zonke izinto ozaziyo, nokuba mhle

kangakanani na, nokuthi umthanda kakhulu; ukuba awukwenzi oko, akasayi kukwazi oko. Nantso indlela. Ukuba uyamthanda, kubonakalise oko.

70 Leyo yindlela esenza ngayo kuThixo. Xa siMthanda, siyaMxelela ngoko. Sihlala phantsi simthande, siMnqule. Kwaye, yabona, uthando lusiqhubela apho.

71 Ngoku ungathini ukuba kosikazi yakho kukho into ethile ekufuneka eyenzelwe? Ngoba, kungakuphosela ekulahleleni ekubeni yenzeke loo nto. Ungathini xa umntu athi inkosikazi yakho unomhlaza? Ungathini xa umntu othile xa esithi owakho—owakho unkosikazi unesifo sephepha, yaye usengxakini yokufa? Kude kube ngoku u, uya—uyakwenza nayiphina into. 'Yabona, oko kuyakukuphosa ekuzilahleleni.

72 Kwaye ikwayiloo nto ifanayo iyiyo. Kufuneka sibe nothando phambi kokuba sibe nokholo. Kwaye ukholo . . . Xa sinothando lwenene, lwenza ntoni? Lutyhalela ngaphandle ukholo lwethu kummandla wedabi sisilwela uThixo. 'Yabona? Oluyinene olunobuthixo uthando loThixo noleLizwi laKhe kunye nolwabantu baKhe, luyakutyhalela ukholo ngaphandle phaya. Uthando luthabatha lubambelele nje elukholweni, kwaye nje, "Yiza, masihambe!" Luze luphume luhambe, kuba nako okwenziwa luthando.

73 UYohane 14:23, uYesu wathi, "Ukuba umntu uyaNdithanda, woligcina iZwi lam." Ngoku aninakho ukuligcina iLizwi laKhe ngaphandle kokuba ubenokholo koko Wakuthethayo. Ngoko ke, niyabona, ukuba uyamthanda uThixo, ngoko wayeligcina iLizwi likaThixo. Ukuba Wayethe, "NdiyiNkosi eyakuphilisayo," uyakholwa yiloo nto. Uthando lumenza akholwe yiyo, ngokuba uthando longamela konke. "Ndingafanelana ndithetha ngeelwimi zabantu neeNgelosi, ndingenalo uthando, akuyonto oko, 'yabona. Ndingafanelana ndinokholo loku-susa iintaba, ndingenalo uthando, andiyonto." Uthando longamela konke, kuba uThixo uluthando, uthando lukaThixo. Ngoku, ewe, mhlekazi! Ukuba uYesu watsho ukuthi, "Ukuba umntu uyaNdithanda, wowagcina amaZwi aM."

74 Siyazi ukuba kuyinyaniso ukuba uThixo wohlangana nomphefumlo ozilahleleyo. Ngoku, sonke siyayazi loo nto. Kodwa kudla ngokuthabatha into ethile ethi isiphosele koko, koko kuzinikela, ekuzilahleleni. Kuthabatha okuthile ukukwenza.

75 Sifumanisa, kuYakobi 5:15, ukuba iBhayibhile yathi, "Othabathisekayo ubushushu," oko kukuzilahlela, "umthandazo wokholo wendoda elungileyo uyeyisa. Xa indoda ekholiweyo, indoda elungileyo, ingena kwimigudu," okanye uhambo lomoya, okanye imigudu, nokuba yiyiphi na. Ndi—ndicinga ukuba "ukuhamba" ligama elingcono. Imigudu,

okanye ukuhamba, naliphina ofuna ukukubiza ngalo. Kodwa xa u—u—umphefumlo ungena e—ekuzilahleleni, kwimigudu enzima, umthandazo wokholo wendoda unganakho ukubonisa uMqondiso, kwenza okuthile. 'Yabona?

76 Qaphelani oko iBhayibhile yakutshoyo kwalapha, kuYakobi 16:5:16, yathi, ukuba . . . "Ngoku-vuma izono zethu," siyalunga, sizenza ukuba silungele loo nto, "sixela izono zethu omnye komnye." Ningenazo nje i—izono . . . Sicela abantu ukuba basithandazele, sizi-vuma izono zethu omnye komnye, sithandaza omnye ethandazela omnye. Nako ke. Ngothando, uthando endinethemba ngalo ndingaku-vuma kuni ukungalungi kwam; kwaye nani ningaku-vuma ukungalungi kwenu kum. Kwaye ndinithanda kangangokuba ndonithandazela, nani ninditandazele; kwaye sohlala ngawo, ngowokholo umthandazo, de uphendulwe. Oko, oko kukuzilahlela. Koko simele sibenako ngamaxesha onke.

77 Masithathe umzekelo othile wesibhalo ngaloo nto, ukuba kwenzeka ntoni na, ngoku, esinye isithuba, esimalunga nemizuzu elishumi elinesihlanu, iNkosi ithandile.

78 UYakobi wayeyindoda, kuqala wayeyencinane . . . uhlobo lwenkwenkwe engakhathaliyo. Wacinga kweyakhe ingqondo ukuba wayesazi ukuba ubuzibulo babuthetha ntoni na kuye, kwaye wayengakhathali nokuba umelwe kukubufumana njani na, oko nje wayenokubufumana. Waze wathi emveni kokuba ekubumene, wacinga ukuba yonke into yayilungile, ngokuba wayefumene ubuzibulo. Wacinga ukuba loo nto yayilungisekile. Wenyuka waya kumntakwabo xa wayelambile, engena evela entsimini, evela ekusebenzeni ngeenkomo nasekuzingeleni amaxhama. Kwaye umntakwabo, wa—wayeswele imbiza enkulu yesuphi, iimbotyi zasendle ne—nezinto ezazidityaniswe nazo. Inokuba yayiyehenda kakhulu xa umntu elambile, emva kokuhamba imini yonke. Waze umntakwabo wathi, "Sendilungele ukuquleka. Ndiphe kule nto."

Waze wathi, "Kulungile, Ndi . . . ukuba uyakundifungela ukuba ndiyabufumana ubuzibulo." 'Yabona? Wayengakhathali nokuba wayeyenze njani na loo nto, ikukuze nje abufumane. Waze wacinga, akuba ebufumene ubuzibulo, kuphelele apho. [UMzalwana uBranham unkqonkqoza kane epulpitini—Mhl.]

79 BakwaMoya, naku apho nasilela khona! Nacinga ukuba ngenxa yokuba nanizelwe ngoMoya, nizelwe ngoMoya kaThixo, uBuzibulo, kwakuphelele apho. Kodwa iyaqala nje kuphela apho. Niyawukhumbula umyalezo ka—ka*Mveni Yena,* indlela awayesithi ngayo loo mntwana, emva kokuba ezelelwe kolo sapho, waba ngunyana. Wayenamalungelo okufumana ubuzibulo, kodwa kwakufanele ukuba aphuhliswe, umntwana oqeqeshiweyo. Ukuze ngoko ukuba wayengaqondakali ukuba ungumntwana othobekileyo kwintando kayise, ngoko

kufuneka, ke, wayengabufumani u—u . . . yayingenguye . . . oba yindlalifa. Wayengadli lifa kwanto, nangona wayengunyana, kodwa wayengadli lifa nto ukuba wayengenamdla kumsebenzi kayise.

80 Ngoko xa uMoya oyiNgcwele wawayo phezu kwabantu bakwaMoya baze baqala ukubuyisela izipho nezinto ezinjalo ezazisebandleni; bacinga ukuba, ngokuba babezelwe ngoMoya, kwakuphelele apho. Kodwa, uyabona, kukho ukubekwa konyana. Kwaye emva kokuba lo nyana eqondakalisiwe ukuba ungunyana wenene, koko wayethatyathwa asiwe kwindawo esesidlangalaleni, aze ngoko ahlaliswe phezulu, atshintshwe iingubo, ahlaliswe apho phezulu; kuze ke kubekho ukubekwa konyana, ukuba wayebufumene ubundlalifa bento yonke awayenayo uyise.

81 UThixo wenza kwaloo nto ngowaKhe uNyana kwiNtaba yoTshintsho. Wagutyungelwa li . . . okanye lilifu, waze watshintshwa, isinxibo saKhe sakhanya ngokwelanga, nelizwi lathi, "Lo nguNyana waM oyiNtanda eNdikholisiweyo nguye." UMoses nomthetho wayesilele. Ukanti lo nguYe, "Mveni Yena." Wabekwa. 'Yabona?

82 Ngoku uYakobi wacinga ukuba, ngokuba wayenobuzibulo, ukuba yonke into yayenziwe.

Ngokunjalo nabantu bakwaMoya, baqala ukuzibumba, a—abubunye, abubuthathu, namatriniti, nazo zonke iintlobo zemibutho, bexambula bexhuzulana, bebonisa ukuba uMqondiso wawungabonakali. Ulunya, umona, impixano, uyabona, kodwa nako apho bafikelela khona.

83 Ngoku, 'yabona, uYakobi wacinga kwaloo nto. Kodwa ngokoyika ngobunye ubusuku, esoyikela ubomi bakhe, ukuzilahlela kwamfumana, wathi akucinga ukuba, "Kanye apha phesheya komlambo, umntakwethu ulindele ukundibulala. Uyakuyenza loo nto." 'Yabona, ubuzibulo awayenabo, yayiyiloo nto eyayiyakubangela ukufa kwakhe.

Kwaye ngamanye amaxesha kwaloo nto uyamnkeleyo, njengoMoya oyiNgcwele, Yiyo, ube uzelwe ngokutsha ngoMoya, ukuba awuqapheli, loo nto inye iyakugweba ekugqibeleni. Injalo loo nto. Kwa la manzi asindisa uNowa, aligweba ihlabathi. Into o—oyakuthanda ukuqhayisa ngokuyibaxa ngayo isenokuba kwayiloo nto ikugwebayo ekupheleni kwendlela.

84 Ngoku uYakobi wazi ukuba ubomi bakhe babukufutshane esiphelweni. Wayenomthunywa oweza kumxelela ukuba umntakwabo, enamakhulu amane amadoda axhobileyo, ayesiza kumhlangabeza, esazi ukuba wa—wayesiza. Uloyiko lwambamba. Wathumela indoda phambi kwakhe nenkabi yenkomo, neenkomo, neegusha ukuba enze umnikelo woxolo ku-Esawu. Ngoko, emva koko, wathumela elinye iqela linomnye

umthwalo wempahla. Waze wathumela elinye iqela linomthwalo wempahla, ezama ukuhlangabezana naye kuqala, ukuzama ukujika ingqumbo yakhe. Waze wafikelela ekucingeni, "Loo nto ayisayi kummisa, ngokuba ngeliphandle utyebile kunokuba ndinjalo. Akaswele nto." Ngoko wathabatha amakhosikazi akhe nabantwana bakhe abancinane, wathumela bona bawela, ukuze u-Esawu abe nokubona abo bantwana bancinane namakhosikazi. Kwaye ngokuqinisekileyo kubatshanana bakhe nabangamantombazana, wayengenakubabulala. Ngoko, yena, wayengekabi nakwenza nto. UThixo uyazi ukuba angamfumana njani na umntu. UYakobi wawela umfula. Khona apho waguqa ngamadolo akhe.

Uyazi, wayeluhlobo oluthile lemene-mene elincinane, ngaphambi koko. Nindixolele ngaloo ngcaciso, kodwa engomncinane . . . WayenguYakobi. UYakobi uthetha "umqhathi," kwaye yiloo nto awayeyiyo. Kodwa kwakukho into eyayimelwe kukwenzeka kuye. Apho ekuzilahleleni, apho xa ukufa kwakuphambi kwakhe . . .

85 Kusenokuba kukho amadoda nabafazi abahleli apha ngokuhlwanje, athe, ukufa ekuphambi kwawo kanye. Kwaye inye kuphela indlela oyakuze ube nokuyifumana ngayo into oyifunayo, kukuba uze ngokuzilahlela. "Ndinyanzelekile ukuba ndiyifumane, ngokuhlwanje. Ndiyifumana ngoku, kungenjalo kuphelile ngam. Ngomso kuyakube kusemva kwexesha kakhulu. Ndinyanzelekile ukuba ndiyifumane ngoku!"

Xa uthandazela ubhaptizo loMoya oyiNgcwele, uMqondiso, musa ukuthi, "Kulungile, ngoku ndizakunyuka ndizame. Nkosi, mna, ndibudinwa." Owu, yiba nenceba, hlala esitulweni sakho! Musa nokuthi—musa nokwenza nzame. Ukuba uyeza, uthi, "Ndizakudlula kumgca wokuthandazela; ndithambise i-oli entloko kum, ndibone ukuba oko kuyakundinceda na," Usenokusuke uhlale kuloo ndawo ukuyo. Ude ufikelele kuloo ndawo, lide ibandla liphela lifikelele kuloo ndawo, kuleyo iphakathi kokufa nobomi, umelwe kukuWufumana ngoku kungenjalo utshabalale, ngoko uThixo uyakukusebenza phambi kwethu. Kubangwa kukuzilahlela ukuzisa uThixo phakathi kwethu.

86 UYakobi wakhala ngendlela angazange akhale ngayo ngaphambili. Ngokuzilahlela wabiza wade wabambana noThixo. Waze wathi akwenza njalo, wazama-zama; hayi ishumi elinesihlanu lemizuzu. Wazama-zama ukuMgcina, emphefumlweni wakhe, ubusuku bubonke; kwaye nangoko wayesazi ukuba wayengayifumananga intsikelelo, kwaye waba nako ukubambelela yade intsikelelo yeza. Wazama-zama ngokuzilahlela yade intsikelelo yeza. Ngoko, kwaye wathi akubona . . . wade uThixo wafika. Ke ngoko, ngokuxhalaba, "Andisayi kuKuyeka uhambe," ukuqala kwakhe ukuyiva intsikelelo isihla phezu kwakhe.

Abantu abaninzi bathi, “Uzuko kuThixo, ndiyifumene ngoku.” Ulahlekisiwe apho. Ewe! Umntu athi, “Owu, ndiziva kamnandi kakhulu, Mzalwana Branham, ndihle ndaya phaya ndathandaza. Owu, ukungcangcazela kwandigubungela.” Kwaye isenokuba ibinguThixo lowo. “Ndibone ukukhanya okukhulu kuphambi kwam.” Nako kusenokuba ibinguThixo, kodwa leyo asiyile nto ndithetha ngayo.

87 IBhayibhile ithe, kumaHebhere isahluko se-6, “Imvula ina kwabangamalungisa nabangemalungisa,” [UMzalwana uBranham unkqonkqoza kasixhenxe epulpitini—Mhl.] “yinto enye nje.” Ngoku, ungathabatha ingqolowa, uthabathe ukhula, uzifake entsimini. Ke imvula eneneni ithunyelelwa ingqolowa, kodwa imvula iwela ukhula ngendlela enye nale yenza ngayo kwingqolowa. Kwaye, imvula, nokhula luvuya kangako ngemvula njengokuba isenza ingqolowa, kwaye isekwayimvula enye. Kwalo Moya uyiNgcwele unokuwela ongakholwayo umenze enze ngokuchanekileyo kanye ngendlela elenza ngayo ikholwa. Kodwa baziwa ngeziqhamo zabo; nantso into endithetha ngayo, nguwo lowo uMqondiso. Kwaye uDa-. . .

88 Kwaye uYakobi, gxebe, ngokuzilahlela, wathi, “Ndiyazi ukuba ndiKuvile, Ulapha kunye nam, kodwa andizi kuKuyeka uhambe.”

Umntu othile ubona kulungile, ukuziva okuncinane kokuqala, aphakame axhume esihla enyuka, abaleke ngendlela ephakathi kwezitulo, athi, “NdiWufumene, ndiWufumene, ndiWufumene.” Owu, hayi. He-eh. Hayi.

UYakobi wahlala apho kwade kwakho into eyenzekayo, eyamenza wahamba ngokwahlukileyo, yamenza umntu owahlukileyo, ngokuba wahlala yade loo nto yenzeka. Kwaye wayenako. . .IBhayibhile ithe, “Wabamba wade woyisa.” Angathini umntu ukoyisa uThixo? Kodwa ungayenza loo nto. Ungayenza loo nto. Umntu angamoyisa uThixo.

89 Ngaxesha lithile kwakukho indoda eyayibizwa ngokuba nguHezekiya, yaze yaxelelwa ngumprofeti, “ITSHO INKOSI, uzakufa.” UHezekiya wajika ubuso bakhe wabubhekisa eludongeni, ngokuzilahlela walila, “Nkosi, ndivele. Ndihambe phambi kwaKho ngentliziyo egqibeleleyo, kwaye ndiswele ishumi elinesihlanu leminyaka ethe chatha,” emva kokuba uThixo wayesele emxelele ukuba kwakukho into ezakwenzeka, wayezakufa. Kwaye, ngokuzilahlela, wayiguqula inkqubo kaThixo. Ukuzilahlela, nangoko, walila ngokukrakra ngokuzilahlela.

90 UYakobi wahlala apho yade yafika intsikelelo, yaze yatshintsha igama lakhe ukusuka ekubeni “ngumqhathi” ukuya ekubeni “yinkosana noThixo.” Nesizwe ngokwaso sabizwa ngegama lakhe. Ewe, mhlekazi! Yayiyintoni na? Iziphumo zazingenxa yokuba waba nokuzilahlela malunga

naloo nto. Waze ngosuku olulandelayo wahlangana no-Esawu, wayengabaswele oonogada. Wahamba nje waya kuhlangana naye. 'Yabona? Kuba? Wayengene ekubeni ngozilahleleyo wade wafumana isiqinisekiso.

Kwaye kufuneka uzilahlele ude ufumane isiqinisekiso. Ukuba awenzi njalo, musa ukuza nokuza ukuza kuthandazelwa. Musa ukuza nokuza esiguqweni. Linda kude kube kuphakathi kobomi nokufa, kuwe, ngoko ikho into eyakwenzeka. Ngokuqinisekileyo, ngokuzilahlela!

91 URute wazilahlela, ngaxesha lithile, xa wayemi ngakuNahomi. Ingaba wayeya kuphindela emva kubantu bakowabo, kuko konke oko wayekuthanda, nanko konke a—awayekunqula, izithixo zakhe nabantu bakowabo, okanye wayeya kunamathela kuNahomi? Yintoni amakayenze? Waze wanokuzilahlela, waze wakhwaza, "Apho uya khona, ndiyakuya khona. Apho uhlala khona, ndiyakuhlala khona. Apho ufela khona, ndiyakufela khona. Apho ungcwatyelwa khona, ndiyakungcwaba . . . okanye ndiyakungcwatyelwa khona. NoThixo wakho uyakuba nguThixo wam." Nantso ke, ukuzilahlela! UThixo wamsikelela, wamnika unyana, u-Obhedi. U-Obhedi wazala uYese. UYese wazala, ngoYese, kweza uYesu. Ngokuba, kukuzilahlela!

92 Njengehenyukazi elincinane, uRahabhi, waba nokuzilahlela. Wazi ukuba ukufa kwakuphezu kwakhe. Wayephantsi komgwebo. Waze wanokuzilahlela, wathi, "Ndiza kunifihla nina zintlola. Ndiyakwenza nantoni na. Kuphela, ndifungeleni uThixo wenu, ukuba indlu yam iyakuma." Nantso ke.

Wathi, "Ndiya . . . Ukuba uyakuthabatha lo mqondiso, iyakuba njalo."

93 U-Eliyazare waba nokuzilahlela xa uxanduva lwabekwa phezu kwakhe ukuba azingelele u-Isake umtshakazi. U-Eliyazare waseDamasko wayeyindoda ebalulekileyo. Wathandwa ngu-Abraham, waze wathenjwa ngu-Abraham ukuba aphume aye kuzingela umtshakazi, umzekelo kanye womtshakazi, wonyana wakhe, u-Isake. Ngokuphuma kuloo nto kwakuza kuziswa uKristu.

94 Ngoku, u-Eliyazare, ngokuba eyindoda yomoya, wazi ukuba oko kwakuthetha ntoni na. Uhlobo olululo lomfazi lwalufanele ukuba yi—yinkosikazi yaloo ndoda. Kwaye wayeya kulukhetha kanjani? Ngeyure yokunxunguphala, ekufikeni kwakhe kweso sixeko, wathandaza esithi, "Nkosi Thixo!" Nantso ke eyona nto. Xa uthe wasekunxunguphaleni, qalisa ukuthandaza. "Nkosi Thixo, mayithi intombi yokuqala ethe yaphuma ukuza kukha amanzi ize iseze inkamela, indiphe into eselwayo, ibe yiyo." Wathandaza ngeyure yonxunguphalo.

95 URebeka, intombi entle, weza, waseza inkamela. Waze ngoko wathi, “Musani ukuyibambezela indlela yam.” Wayemelwe kukufika kwilixa lesigqibo ukuba uyakuhamba na okanye hayi. Wayengumzekeliso woMtshakazi. Ingaba—ingaba wayeya kuhamba ayitshate indoda angazange ayibone nokuyibona? Ngoku, yinto enkulu leyo. Engazange ayibone nokuyibona, ukanti wayevile kuphela ngesicaka sayo.

96 Ngumzekeliso woMtshakazi lowo. Anizange nimbone uKristu. Kodwa niyeva, ngezicaka zaKhe, ukuba Uyintoni na. Nithengisa yonke into, nishiye amakhaya enu, nayo yonke enye into eyimfuneko, ukuya kuMfumana. Ngoku qaphela, naye wasenza isigqibo, umzekeliso woMtshakazi, washiya ikhaya lakhe lobuhlelo, ’yabona, ukuze ahambe.

97 UYona, elahlelwe ngaphandle ngexesha lesitshingitshane, kumazantsi olwandle, esiswini somnenga. Onke amathemba okuphila ayephelile. Kodwa kwenzeka ukuba kuthi qatha engqondweni yakhe ukuba laa Solomon, ekunikezeleni itempile, wathi, “Nkosi, ukuba abantu babesenkathazweni naphi na, baze baguqukela kule tempile bathandaza, wova ngoko.” Wabe eguquka esesiswini somnenga, waba nako ukufikelela kwindawo ethile ngamadolo akhe, ndiyaqikelela, enomhlanzo womnenga kuyo yonke indawo.

Apho wathandaza esekuzilahleleni. Kwaye ekuloo nto, kunxunguphalo; ikukuphefumla nje okumbalwa komongo-moya kuphela awayenako kweso sisu somnenga. Kwaze kwathi kuloo miphefumlo imbalwa wayeyitsala, mhlawumbi wayengazi nokuba wayebhekise ngaphi na, waze wathi, “Nkosi, ndiyakholwa ukuba ndikhangele phezulu ngakwitempile yaKho.” Kwaze kwathi nje ngemiphefumlo embalwa yokuqhubela phambili, ekunxunguphalo, wathandaza, phantsi kwezo meko. Into engazange yenziwe ngaphambili, kodwa wayekunxunguphalo. Wathandaza, waze uThixo wamgcina ephilile iintsuku ezintathu nobusuku, waze wamkhuphela kwindawo yokukhupha umyalezo wakhe. Ukuzilahlela!

98 UHana, umfazi owayengazali eBhayibhileni, wayefuna unyana, waza waqalisa ukumzilela. Kwaye wazila wathandaza wade umbingeleli etempileni wacinga ukuba wayenxilile. Wayekokunjani ukuzilahlela! Nabafazi abangabanye bekhangele ukuba luhlobo luni na lomnqwazana omnye awayewunxiba; kwaye niyazi ukuba kuqhubeka njani na; abe omnye ekhangele ukuba hlobo luni na lwempahla awayelunxibile, bethetha ngezinto ezaziqhubeka efama. Kodwa hayi uHana; waphuma kanye kwelo qela lonke waya esiguqweni. Wayezilile. Wayefuna ukuba kususwe ihlazo lakhe.

Kungumahluko onjani namhlanje. Kuphantse kwalihlazo ukuba nomntwana. Ngoko kwaku—kwakulihlazo ukungabi naye.

Wawa ngamadolo akhe. Akazange aqaphele sidima satempile. Akazange amqaphele umbingeleli onesidima njengokuba wayephuma. Wayephetheke kakubi kangangokuba iinyembezi zakhe zaziqengqeleka ukuhla ngezidlele, kwaye wayelila, esekuzilahleleni, "Owu Nkosi Thixo, ndiphe unyana. Ndiphe unyana!"

99 Kwaye, qaphela, wayengathandi okwakhe kodwa. Ekubeni uThixo wamvayo, wawuphendula umthandazo wakhe wamnika unyana, wanikela ngaye kwakhona kuThixo. Kwaye ngokuba wayekulungele ukungabi ngozicingela yedwa emveni kokuba uThixo wawuphendulayo umthandazo wakhe, Wampha umprofeti. Owu, yayiyintsikelelo ethe chatha leyo. Owu, Uzele nje zizo, ezo zinto zincinane zithe chatha aphisa ngazo. Ingengonyana kuphela, koko ingumprofeti. Kwaye kwakungazange kubekho mbono utyhilekileyo kwisithuba semininzi, iminyaka emininzi, kwaSirayeli. USamuweli, umprofeti wokuqala, kwemininzi, iminyaka emininzi, ngokuba unina waba nokuzilahlela; ngokuba wayengafumani bantwana, kwaye wayedlule kubudala bokuzala, ngokucacileyo ekumashumi amathandathu, amashumi asixhenxe ubudala. Waze wathandaza ngokuzilahlela, kunyanzelekile ukuba amfumane lo mntwana! Yayiyintoni leyo? UThixo wayethethile kuye, ngaphandle kwamathandabuzo.

100 Awunako ukuba nokuzilahlela ade uThixo athethe kuwe. Owu, Bandla, vukani nizishukumise! Tswebani isazela senu, zivuseni, ngale yure! Simelwe kukuzilahlela, okanye sitshabalale! Kukho into ezayo evela eNkosini! Oko ndikwazi njengo-ITSHO INKOSI. Kukho into ethile ezayo, kwaye kungcono ukuba sizilahlele. Phakathi koBomi nokufa. Iyakudlula kuthi yaye asisayi kuyibona.

101 Ngokuba wayengenguye ozicingela yedwa, wanikwa umprofeti.

102 Umfazi waseShuneme wayenenkwenkwe encinane awathi umprofeti wathetha iLizwi leNkosi ngayo, nakubeni wayemdala nomyeni wakhe emdala. Babengenabantwana, kodwa waba nobubele kulo—kulo mprofeti. Kwaye wazi ukuba wayeyindoda yakwaThixo. Wagqiba ekubeni wayengumntu ohloniphekileyo, indoda yenene. Wangena endlwini, umyeni wakhe engekho apho, nantoni na eyenye. Wayeyindoda engcwele. Waba nako ukubona ukuba wayengumntu ohloniphekileyo. Wayemkhangele esenza imiqondiso nezimanga. Wayemvile exela izinto ezenzekayo. Wayeyehloniphekile, indoda engcwele.

Wathi kumyeni wakhe, "Ndiyaqonda ukuba le ndoda iye imise apha kuthi yindoda engcwele." Inenekazi laloo ndlu, lazi ukuba wayeyindoda engcwele. Lamakhela indlu encinane ngaphandle, ukuze angabi nakudana. Wayedlula apho xa

wayefuna ukwenza njalo, njalo-njalo. Labeka i—ibhedi encinane apho ngaphandle, ne—nendebe yamanzi, njalo-njalo, ukuze abe nokuhlamba afumane into eselwayo. Kwaye ngokucacileyo wayedla ngokumthumela isicaka, okanye umntu othile, umngcamli, no—nokudla okuthile ukuba amphakele, aze adlule a—amnqwenelele imini emnandi, okanye into enjalo.

103 Ke, ngoko, ekubeni u-Eliya ebubonile ububele obenziwa kuye. Kwaye kubhaliwe, "Oko nikwenze kwaba bancinane baM, nikwenze kuM." Ngoko wabona loo nto, umfazi owayehlonela uThixo njengokuba wayehlonela loo mprofeti, njengokuba wayebona uThixo emprofetini. Kwaye, ngoko, kwakungekho nto yimbi kuloo nto awayeyifuna. Kwakungekho sentliziyweni yakhe ngayo nantoni na. Wakwenza nje oko ngenxa yokuba wayethanda uThixo. Akazange akwenze kuba efuna ntsikelelo. Wakwenza nje.

104 Ngoku, ngoku u-Eliya wathi, "Hamba uye kumbuza, ingaba kumelwe ndithethe nokumkani ngenxa yakhe? Ndingumhlobo osenyongweni. Okanye, umphathi mkhosi oyintloko, ndi—ndimazi ngokuyinene kakhulu. Kukho inceba ethile, into ethile endinokumenzela yona, ndifuna ukumnika into ngenxa ngendlela abeyiyo kum. U—undiphe ukudla. Undenze ndalala koomandlalo. Kwaye—kwaye ube nobubele ngenene kuthi. Ngoku yintoni endinokuyenza?"

Wathi, "Hayi, ndihlala nje phakathi kwabantu bakuthi. Si—sinento yonke. Siyakwazi ukuphila, kuphelele apho. Akukho nto siyisweleyo."

Waze uGehazi wathi kuye, "Kodwa akanabantwana."

105 Wathi nje ukuba uGehazi akubone oko, akuthandabuzeki ukuba umprofeti wabona umbono, kuba wathi, "ITSHO INKOSI. Yiyakumxelela, ukuba ngexesha elifanelekileyo, okanye ngexesha elililo, kunyaka ukusukela ngoku, uyakube egone unyana."

106 Waze wazalwa unyana. Wathi xa amalunga neshumi elinesibini leminyaka ubudala . . . Inokuba eso sibini sidala sasiyithanda kangakanani le nkwenkwe incinane, umntwana wabo ekuphela kwakhe. Waze ngenye imini wathi esika ingqolowa, kunye notata wakhe. Inokuba kwakumalunga nemini enkulu, watshiswa lilanga, ndiyaqonda, ngokuba waqala ukukhwaza, "Intloko yam." Waya egula ngokugula. Utata wakhe wanyanzeleka ukuba amthathe amkhuphe entsimini, kwaye yayiyimo enjani yonxunguphalo apho, waze wathumela isicaka, wamthumela wamngenisa.

107 Unina wambambela emathangeni akhe yade yayimini enkulu, waze wafa. Qaphela, umntwana wakhe ekuphela kwakhe, owayemphiwe yiNkosi, ngenxa yomthandazo nezithembiso zomprofeti no-ITSHO INKOSI. Wazi ukuba

kwakukho undonakele ndaweni ithile. Kwakungenakusebenza nje oko. Angathini uThixo ukumnika loo nyana aze a—avumele uthando lwakhe kolo sana? Kwaye wayengazange alucele. Wayesele emdala kakhulu ukuba anganalo. Isandla sikaThixo kwanyanzeleka ukuba sikuchaze oko. Yindoda eyakuthethayo, umprofeti. Nako ngoko olo sana lukule meko, lwafa, unyana wakhe ekuphela kwakhe.

Ngoko wathi kwisicaka, "Beka isali imeyile, ukhwele ke, uze ungemi. Ukuba kukho umntu ozama ukukumisa, ungathethi nelizwi, uze uqhube ngokuthe ngqo uye kwiNtaba yeKarmel. Apho phezulu kumqolomba othile, obhekele emva, kukho isicaka sikaThixo oPhezu konke; eso sandixelela ukuba, ITSHO INKOSI, ndiyakuba nosana. Ndifuna ukwazi ukuba kutheni na uThixo ukuba enze oku." Ng-oko wathi . . . "Hamba uthi ngqo ubheke phambili ungayihoyi loo meyile. Mayibaleke kakhulu kangangoko inako kuyo. Mayibaleke ude ufike apho." Ukuzilahlela!

108 No-Eliya umprofeti waphakama, wakhangela, waze wathi, "Nankuya esiza laa Mshunemekazi, kwaye, yena, ukho undonakele kuye. UThixo undifihlele. Andazi ukuba yintoni na undonakele." Wathi, "Hamba, uye kumkhawulela. Ndino . . . Masikhawulezise. Ikho into engundonakele."

Ukuzilahlela kwangena kumprofeti, ukunxunguphala kuloo mfazi. 'Yabona, babehlangana; omnye efuna ukwazi ukuba liyintoni na iLizwi leNkosi, omnye engazi ukuba iLizwi leNkosi laliyintoni na. Nantso ke. Omnye ufuna ukulazi, abe omnye engalazi. Umfazi wayefuna ukulazi, wabe umprofeti engalazi. Wathi, "UThixo ulifihlile kum. Andazi ukuba ndiyakumxelela ntoni na akufika apha."

Ng-oko wayesele esondele apho ngoko. Waphakamisa isandla sakhe, wathi, "Ingaba uphilile na? Uphilile na umyeni wakho? Uphilile na umntwana wakho?"

109 Ngoku, laa mfazi wayefikelele esiphelweni sokuzilahlela. Wathi, "Konwabekile!" Uzuko! "Konwabekile!" Ukuzilahlela kwakhe kwakusele kudlule. Wayesifumene isicaka seNkosi. Ukuba sasingekho apho, ngewayesesekuzilahleleni. Kodwa, uyabona, sasikho. Wathi, "Konwabekile!"

U-Elisha wacinga, "Ke, kuqhubeka ntoni ngoku?"

110 Ngoko wabaleka wenyuka wawa ezinyaweni zakhe. Yaba yinto engaqhelekanga noko leyo, kuGehazi wamphakamisa nje. Wathi, "Myeke, musa ukuyenza loo nto." U-Eliya watsho k-umlungiseleli wakhe, "Musa ukuyenza loo nto. Myeke. Ukho undonakele. UThixo uyandifihlela." Ngoko wamxelela ukuba usana lwalufile.

111 Ngoku, umprofeti wayengazi ukuba makathini na. Wathi, "Gehazi, thabatha le ntonga bendihamba ngayo." Wayesazi

ukuba nantoni na awayeyichukumisile yayisikelelwe, kuba yayingenguye, yayinguThixo ongaphakathi kuye. Wayemazi ukuba wayengubani na. Wayesazi ukuba wayengumprofeti. Ngoko wathabatha le ntonga wathi, "Gehazi, yithabathe, uhambe uye kuyibeka phezu komntwana. Ukuba kukho umntu othetha nawe, uze uzilahlele. Ungabulisi namntu, kungabikho . . . Qhubela phambili nje uhamba, musa ukuthetha namntu. Yibeke phezu komntwana."

112 Kodwa, laa mfazi, loo nto ayizange ikuphelise ukuzilahlela kwakhe. Oko akuzange kuyanelise into awayeyizele. Wathi, "Ihleli nje iNkosi uThixo, a—andisayi kukushiya ude uye kulungiselela laa mntwana."

113 No-Eliya waba nokuzilahlela. Nako esiya, esihla ngendlela, inguye naloo mfazi. Bathi bakufika apho, a . . . bonke abantu babengaphandle eyadini, bekhala belila. Waze loo mfazi wabe enze eyona nto ifanelekileyo inokwenziwa. Wathabatha olo sana walulalisa ebhedini apho u-Eliya wayelele khona. Loo nto yayifana nentonga yakhe. Kwaye akazange avuke apho phezulu, ngoko loo nto yayingenakusebenza. Wayefuna into eyahlukileyo.

114 Umprofeti wangena. Ngoku usekuzilahleleni. Ngoku yintoni azakuyenza? Kwaye sifumanisa ukuba eBhayibhileni wenyuka esihla emgangathweni, esekuzilahleleni. "Akukho nto iyenye endiyaziyo endinokuyenza, Nkosi. Ndim lo. Wandixelela ukuba ndithethe kulaa mfazi, ndithi ITSHO INKOSI. Kwaye kwaba ngolo hlobo ndamxelela ngalo kanye, ngokuba nguWe owandixelelayo. Ngoku, nanko esengxakini, kwaye andiyazi into endinokuyenza. Nantso inkwenkwe ilele ifile. Ndingenza ntoni, Nkosi?"

115 Akuthandabuzeki ukuba uMoya oyiNgcwele wathi, "Ukuba uThixo ungaphakathi kuwe, ngoko zilalise phezu kolo sana." Into yokuqala uyazi, wema, wabaleka wabeka izandla zakhe phezu kwezandla zalo, impumlo yakhe phezu kwempumlo yalo, imilebe yakhe phezu kwemilebe yalo. Wathi ke akuzingqengqisa phezu kwalo lonke, usana lwathimla kasixhenxe. Ukuzilahlela kwakudlule.

Usana lwabuyela ebomini, ngokuba ukuzilahlela kwaqhubela umfazi kumprofeti, kwaye ukuzilahlela kwaqhubela umprofeti kusana. Kwaye ukuzilahlela okukubo bobabini kwatsala uThixo ukuba abe phakathi kwabo. Ngothando lukaThixo, nothando lwabantu bakhe, oko kwehlisa uthando lukaThixo, kwaze kwavelisa ukholo kwithafa ledabi, waze wenziwa umsebenzi. Ityala livaliwe. Amen! Yiyo leyo. Ukuzilahlela kuyayenza loo nto. Ngokuqinisekileyo! Wayengasayi kumnka.

116 Imfama uBhartolomeyu yacinga ukuba uYesu wayedlula ngakuyo, ihleli apho phandle esangweni, umngqibi oyimfama,

ecela amalizo. Into yokuqala uyazi, yeva ingxolo; uYesu wayedlula. Yathi, “Ngubani lo udlulayo?” Kwakho umntu owayityhalela phantsi. Yathi, “Ndincede, mntu, ngubani lo udlulayo?”

Omnye wabo, ke, mhlawumbi umfazi othile onembeko kancinane, wathi kuye, wathi, “Mhlekazi, awazi ukuba ngubani na lo udlulayo?”

“Hayi. Ndiyeva ukuba abanye babo bathi, ‘Kukho amangcwaba azeleyo ngabantu abafileyo aphaya phezulu. Ukuba uvusa abafileyo, hamba uye kubavusa.’ Ngumnyelisi othile okanye umntu othile?”

“Hayi. Wakhe weva ngomprofeti waseGalili, laa mprofeti uselula ubizwa ngokuba nguYesu waseNazarethe?”

“Hayi.”

“Kulungile, uyazi, eBhayibhileni itsho kwiNcwadi zethu ezisongwayo ukuba uNyana kaDavide uyakuveliswa ukuze ahlale phezu kwayo. NguYe lowo.”

“Ingaba nguYe lowo? Ingaba nguYe, abe Udlula apha?”

Ukuzilahlela kwamqhubela ekukhwazeni, “Owu Yesu, Wena Nyana kaDavide, yiba nenceba kum!”

Mawungandidluli, owu Msindisi obekekileyo,
Yiva ukukhala kwam okuthobekileyo;
Xa Ubabiza abanye,
Mawungandidluli.

“Owu Yesu!”

Abanye kubo bathi, “Thula! Ungxola kakhulu.”

117 Kodwa wayesekuzilahleleni. Ukuba Wayedlule, ngewayengazange abe nalo elinye ithuba. Sisenokungabi nalo nathi; obu isenokuba bubusuku bokugqibela. Ukuzilahlela! Wakhwaza, “Owu Yesu!” Akunamsebenzi nokuba ngubani na owayesithi makeme, wakhwaza nje ngokufanayo, ngokukhulu ngaphezulu kangako. Bathi bakumxelela ukuba athule, oko kwamenza ukuba angxole ngakumbi. Wayesekuzilahleleni. Akukho mntu wayenokummisa. “Wena Nyana kaDavide, ndenzele inceba!” Kwaye wakhwaza esekuzilahleleni.

118 Waze uNyana kaThixo, ethwele izono zehlabathi emagxeni aKhe, ehamba esiya eYerusalem ukuya kunikelwa, khona ngoko, ukuze abe lidini lehlabathi, wema emkhondweni waKhe. Ukuzilahlela, ukukhala konxunguphalo, kwemisa uNyana kaThixo. Wathi, “Ufuna ukuba Ndikwenzele ntoni na?” Owu!

Wathi, “Nkosi, ndinga ndingamnkela ukubona kwam.”

Wathi, “Hamba indlela yakho, ukholo lwakho lukusindisile.”

Kwakwanele oko. Ukuzilahlela! Xa ukuzilahlela kuthe kwamnkela into ethile, okona kungabonakali kakuhle

ukuchukumisa, ukholo luyayibamba loo nto. 'Yabona? Akazange athi, "Ngoku yima umzuzu nje, yima umzuzu nje, bambelela apho nje umzuzu, ndibone ukuba ndiyabona na ngoku. Andizange ndasibona isandla sam, iminyaka emininzi. Masibone ukuba ndingasibona na. Andiboni kwanto okwangoku." Xa uYesu wathi, "Ukholo lwakho lukusindisile," oko kwakwanele. Yiloo nto kuphela awayeyifuna.

119 Ukuzilahlela kubiza into ephathekayo, kwaye xa into ephathekayo, akunamsebenzi nokuba yayingabonakali kangakanani na, yamnkelwe, ikholelwe kanye ngoko, ngokuba ukholo luyabamba xa ukuzilahlela kulutyhala. 'Yabona? Uthando lulapho luxubana nalo luze luluzise kuloo nto. Kukuzilahlela okwenza loo nto.

Imfama uBartolomeyu wawubamba ngokukhawuleza umbono.

120 UPetros wayevuseleleke mpela, ngobunye ubusuku elwandle, xa wathi wafikelela ekuzilahleleni. Waze waqala wakhwaza, "Kukho into engaqhelekanga. Ndibona umoya usiza, uhamba usiza kum!" Umkhombe wawusowuza kutshona. Wathi, "Ukuba nguWe, Nkosi, yitsho ndize kuWe phezu kwamanzi." Waze wanyathela wehla ephuma emkhombeni wahamba; wasuka woyika akuqalisa ukuhamba, waqala ukutshona, kwaye ukuzilahlela . . . Nakubeni yayiyimpazamo, ekuzameni ukulandela imiyalelo kaThixo, . . . Ndiyathemba ukuba ibandla liyayifumana loo nto. Laa ndoda yayisenza oko uThixo wayixelela ukuba ikwenze.

121 Ngoku, nina Makristu kusihlwa nje, nisemsebenzini wenu, nizama ukulandela ukukhokela kukaMoya oyiNgcwele; uze umhlaza unibambe, okanye u—ukufa kunixhakamfule, umhlaza, iindumbo, nokuba yintoni na. Nisemsebenzini, nikwaneloo lungelo wayenalo uPetros.

"Nkosi, ndisindise, kungenjalo ndiyakutshabalala." Esekuzilahleleni wakhwaza, saze isandla samchola samnyusa. Nisekwanaloo nto. Kodwa wakhala, "Ndisindise, Nkosi!"

> Wakuva ukukhala kwam konxunguphalo,
> Wandiphakamisa emanzini, ngoku ndikhuselekile.
> 'Yabona?

122 Yiyo leyo, xa ukhwaza!

123 Mhlawumbi lo mfazi, umama, nokuba wayeyintoni na kuye, unyana omncinane, okanye umzukulwana, okanye umtshana, nokuba wayeyintoni na, wakhwaza esekunxunguphaleni. UThixo weva.

124 Ngoko siyayifumanisa loo nto, ekweyeleni, uThixo wamva. Esemsebenzini, waqalisa ukutshona. Wasilela. Akunamsebenzi nokuba uyasilela, loo nto ayinanto yakwenza naloo nto.

Siyasilela sonke. Singaba nokusilela, indawo yokuqala. Kodwa sinaye uMntu omileyo ngoku enesandla esomeleleyo, Onako ukufikelela kuthi asithabathele ngaphezu kwamanzi.

125 Ukuba wenze isiphoso umfazi othile wenza impazamo, indoda ethile yenza impazamo, inkwenkwe ethile okanye intombazana yenze impazamo; musa ukuzika. Khwaza, ngokunxunguphala, "Nkosi, ndisindise, kungenjalo ndiyakutshabalala!" Zilahlele malunga naloo nto. UThixo uyakukuva. Uhlala ewuva umphefumlo onxungupheleyo. Nantso into endizama ukunixelela ngayo.

126 INkosi yethu ethandekayo uYesu, ngokwaKhe, kwithafa ledabi elikhulu lehlabathi, eGetsemane, Yakhwaza, isekunxunguphaleni. Ingaba Wayeya kuzithabatha izono zehlabathi, okanye Asuke nje ahlale ehlabathini nabafundi baKhe abathandekayo, yintoni Awayeyifuna? Kodwa khangela ukuthobeka kwaKhe njengoko WaZithobayo, "Ingabi yintando yaM koko ibe yeyaKho emayenziwe," waZithoba eLizwini, iLizwi lesithembiso likaThixo weZulu.

Qaphela, ngoko, Wahambela phambilana. Kwaye ukuba Wayehambele phambilana kunoko, kukangakanani ukufanelwa kwethu kukuhambela phambilana. 'Yabona? Kwaye qaphela, iSibhalo sithi apha, kuLuka, Wathandaza ngokunyaniseka. Mzalwana, dade, ukuba uYesu wathandaza ngokunyaniseka, kungakanani ukufuneka sithandaze ngokunyanisekileyo. Ukuba uKristu uThixo weZulu, enziwe inyama, kwafuneka ukuba athandaze ngokunyaniseka, ngoko kukangakanani ukuba ngaphezulu kuthi, thina boni sisindiswe ngobabalo, ukuthandaza ngokunyaniseka! Ukuba—ukuba isigqibo saphosa uNyana kaThixo kunxunguphalo, siyakwenza ntoni kuwe nam? Ngokuzilahlela simelwe kukulila.

127 UThixo, kule mihla yokugqibela, uZibonakalisile kuthi, ngemiqondiso emikhulu yaKhe namandla, oko kumelwe kukusenza sizilahlele. Injalo loo nto. Kwaye kukuthanda kwaKhe ukusiphilisa nokusisindisa, kumelwe kukusiphosa kuko konke ukuzilahlela ukuze sifumane elo Litye lempiliso. Injalo loo nto.

128 Khangela, ukuba uFlorence Nightingale . . . Umzukulwana wentombi yomzukulwana wongasekhoyo uFlorence Nightingale owaseka uMnqamlezo oBomvu. Nawubona umfanekiso wakhe kula ncwadi, wayenobunzima obumalunga namashumi amathathu eeponti. Umhlaza wawumdle waphela. ELondon, eNgilane; bamzisa evela e-Afrika, ukuza eLondon, eNgilane. Yaye elapho kunxunguphalo . . . UMzalwana uBosworth wamphendula incwadi wamxelela, wathi, "Asinako ukuza e-Afrika."

129 Wabhala waphendula, wafumana umongikazi ukuba abhale athi, "Andinako ukususwa. Andinakuyenza loo nto."

Ndabonisa ngawo loo mfanekiso. Nakhe nawubona loo mfanekiso. Kwafuneka nje ukuba sibeke isiqwengana phezu kwawo. Wawunomtyana owujikelezileyo. Ndacinga ukuba mhlawumbi kukho umntu othile, owufake apho encwadini, wawusenokugxekwa ngokuba waye . . . umzimba wakhe wawuphandle apho, ukuba . . . saze sabeka into encinane phezu kwakhe apha. Wayambethe i—ingutyana encinane, itawuli inqamlezile, inqamleze iintsula zakhe. Kodwa ngentla, kwakungekho nto. Kwaye no . . . Kodwa sacinga ukuba sakufaka isiqwengana sephepha phezu kwawo nefoto i . . . ifoto leyo. Ukugcina abantu abangenandlela iyiyo yemo yokucinga ezingqondweni zabo, ukuze bangabi nakundigxeka ngokufaka loo mfanekiso ephepheni.

130 Ke ngoko xa ugqirha watshoyo ukuthi akanakususwa, kwaye wayesazi ukuba ndandizakutyelela eNgilane, wathi mabambeke kumandlalwana ophathwayo, bamfake kwinqwelo-moya, bamzise eLondon, eNgilane, baze bathumele unogada aye kwinqwelo-moya ngaphambi kokuhla aye kwiBhotwe eBuckingham, bathumela unogada ephuma apho ukuze kuthandazewe yena. Kwaye wayesele ekude ehambile kangangokuba wayengakwazi nokuthetha nam. Kwafuneka ukuba baziphakamise izandla zakhe ukuzingenisa kwesam.

131 Niyazi ukuba injani na iLondon, abanye benu majoni akhe aya phaya. Ihlala inenkungu njalo. Ndaguqa phantsi apho ecaleni kwefestile, wabe yena . . .

Iinyembezi zaziqukuqela. Wayefuna uku . . . Andazi ukuba wayekufumana njani na ukunyakama okwaneleyo ukuze kube nokwenza iinyembezi. Yayingamathambo nje, isikhumba phezu kwawo; ne—nemilenze yakhe apha phezulu ezintsuleni yayingekho ngaphezu kwamalunga, kwakhangeleka kum, ngokungathi kumalunga ne-intshi ezimbini ukunqamleza, okanye ii-intshi ezintathu. Imithambo yayiphelelwe. Ukuba wayephila njani na, andazi. Nakhe nawubona umfanekiso wakhe wamva.

132 Ndaguqa phantsi ecaleni kwebhedi. Ngoku, wayezilahlele; nokuba ndandisiza na okanye, bazakumzisa, nakanjani na. Ndehla ke ndaya apho, intliziyo yam isopha ngaphakathi, ngenxa yokholo lolosizana, luncinane, isidalwa esifayo, ndaze ndathandaza ngayo yonke intliziyo endandinayo. Kwathi xa ndaqalayo ukuthandaza, ivukuthu elincinane lafika, labhabha phezu kwefestile, laqalisa ukunyuka lisihla, lingqumshela. Ndandicinga ukuba yintaka efuyiweyo. Andizange ndiye eNgilane kodwa malunga nesithuba seyure, ndifika nje ukusuka kwisikhululo seenqwelo-moya apho ezantsi. Ndaze ndacinga ukuba yayiyintaka efuyiweyo. Ndathi ndakuphakama, ndathi, "Amen," labhabha lemnka.

Ndaze ndaqalisa ukubuza abazalwana, ukuba babelivile na elaa hobe. Nabo babe babethetha ngalo, ndaze

ndakuqalisa ukuthi, “Nilibonile, ukuba belithetha ntoni ela hobe . . .” Kwaphuma, “ITSHO INKOSI, uyakuphila awusayi kufa.”

Kwaye uyaphila namhlanje. Kuba? Kukuzilahlela. Ukuzilahlela kwaqhubela loo mfazi ekuthabatheni isigqibo, aphile kungenjalo afe. Ukuzilahlela kwalungisa into yokuba afike apho ngelo xesha linye ndenza ngalo. Kwaye umqondiso ovela kuThixo, Wathumela ihobe, ukusinika u-ITSHO INKOSI. Ukuzilahlela!

133 Xa udade, uHattie Waldorop omdala wasePhoenix, e-Arizona, wayenyuka ngendledlana, kwinkonzo yam yokuqala. Ugqirha osafundayo nomyeni wakhe babemzisa; umhlaza wentliziyo. Wayesenzile isigqibo sakhe, ekuzameni ukufika apho kuloo nkonzo, kodwa wayekwimeko embi kangangokuba waye . . . wayengakwazi kuphefumla kwakhona, igazi lalibuyela emva entliziyweni yakhe apho umhlaza wawumdle waya kungena entliziyweni. Ngoku, umhlaza wentliziyo! Ngoko kwakumalunga neshumi elinesibhozo, ishumi elinethoba leminyaka eyadlulayo, mhlawumbi amashumi amabini, ngo-1947 kwakungoko.

134 Ngoku, wathi kumyeni wakhe nogqirha ongumfundi, “Nokuba ndifile ndikulo mgca, zenindinyuse ndiye phaya.” Ukuzilahlela. Waphelelwa kukuba sezingqondweni. Andicingi ukuba wayefile; wabanga ukuba wayefile. Ngoku, usenokuba wayefile. Usenokuliva eli khasethi, uyabona. Ngoku mna—mna—mna . . . Yena, wabanga ukuba wayefile; andazi. Bandixelela besithi, “Kukho umfazi ofileyo onyuswa ngomgca lowo.” Waze wathi loo mfazi akufika apho, wabe engenabomi. Bathi ke bakumzisa apho phezulu, iLizwi leNkosi lafika; ndaze ndaya ndabeka izandla zam phezu kwakhe, waza wavuka waphakama wagoduka, ehamba ngenyawo. Oko kwakumalunga, ndingathi, ngokuchanekileyo, yiminyaka elishumi elinesibhozo eyadlulayo, kwaye usempilweni kanye enentliziyo eyomeleleyo . . . Uzakuba seTuscon ukuya kuhlangana nam xa ndihlile ndaya apho. Ukuzilahlela, “Nokuba ndifele endleleni, nangoko, kodwa zenindihlise ndiye apho. Wabaphilisa abanye, Uyakundiphilisa nam.” Ekukhuthalele oko!

135 Iintliziyo zethu mazizaliswe luthando ngalo mhla, zinyaniseke, zibe sekuzilahleleni. Emva komzuzwana lisenokuba liphelile ixesha.

136 UYayiro ngaxesha lithile wayenentombi encinane eyayisifa. Wayelikholwa lasemdeni. Wakholwa kuYesu, kodwa wayesoyika ukuyivuma loo nto, ngokuba babeyakumlahlela ngaphandle kwesynagogue. Kodwa ugqirha weza ngenye intsasa, wathi, “Iyafa ngoku.” Kwangena ukuzilahlela. Wayengenakumelana naloo nto, njengendawo anokuma kuyo, ukuze afumanane noYesu waseNazarethe, ngokuba wayeya kulahlekwa yindawo anokuma kuyo ngokompriste.

Kodwa ndiyakuxelela, kwathi kwakufika imo yonxunguphalo, yamfaka ekuzilahleleni. Ingathi ndiyambona ekhangela idyasi encinane yakhe yomshumayeli nomnqwazi, waze wayigxugxeka. Nanko esihla ephumela kwisihlwele, enyakathisa; apho kwakukho khona umfazi owachukumisa ingubo yaKhe khona, njalo njalo, kwaye babekhwaza bonke. Kodwa wangena waze wathi, "Nkosi, intombazana encinane yam ilele ikwiqondo lokufa. Nkosi, Nkosi, intombazana encinane yam ilele ikwiqondo lokufa, kwaye ukuba Ungeza nje ubeke izandla zaKho kuyo, iyakuphila." Owu, bethu! Ukuzilahlela kukwenza uthethe izinto ngamanye amaxesha, kukwenza wenze izinto. Kukufaka emsebenzini. Intombi yaKhe yasindiswa ngokuzilahlela.

137 Masibe ngabazilahleleyo, njengalaa mfazi mncinane wayenethombo legazi. IBhayibhile ithe wayedleke imali yakhe yonke, ngoogqirha, nangoko babengenakumnceda. Wayeqalisile ukufika kwixesha lokupheza ukuya exesheni, yakukuphuphuma, nethombo legazi, lalingaphezi. Mhlawumbi babethengise ifama, iimeyile, amahashe, nantoni na ekwakuyiyo; kwaye akukho nto yayinokumnceda. Yaye ababingeleli babo babemxelele ukuba angaze aye kwinto enjengaleyo. Kodwa ngenye intsasa wakhangela ezantsi. Wayehlala phezu konxweme, phaya phezulu apho yayikhona ifama yakhe, waze wabona iqela elikhulu labantu lingqonge iNdoda phaya ezantsi, baze bathi, "Yintoni leya?"

Kwathiwa, "NguYesu waseNazarethe lowa." Kwangena ukuzilahlela.

Wathi, "Ndingumntu nje ongaqaphelekileyo. Ndi—ndi. . . Kodwa ukuba nje ndingachukumisa umqukumbelo wengubo yaKhe, ndiyakuphiliswa." Waze wedlula kuye wonke umgxeki nayo yonke enye into. Kodwa ngoko wayakufikelela kuloo ndawo, wachukumisa ingubo yaKhe, esekuzilahleleni.

Wathi Akwenza njalo, Wajika wathi, "Ngubani lo uNdichukumisileyo?" Bonke ke bakhanyela. Kodwa Wabheka-bheka. Wayenesipho sikaThixo esikhulu ngaphakathi kwakhe. WayenguThixo; waze Wafumana umfazi omncinane wamxelela ukuba ithombo lakhe legazi lalinqamnkile. Ukuzilahlela kwamqhubela ekwenzeni loo nto.

138 Yayikukuzilahlela okwaqhuba—okwaqhuba ukumkanikazi waseZantsi. Weva ukuba isipho sikaThixo sasisebenza ngoSolomon. Ukuzilahlela kwamqhubela kuloo nto.

139 Ngokuzilahlela! Ngabantu abo, njengawe, njengam. Babengahlukanga nganto kuwe nam. Babenezimvo ezintlanu. Babesidla, besela, njalo njalo, njengokuba sisenza, bephila besifa. Babengabantu.

140 Oko kwamqhubela kokunjalo ukuzilahlela wade wathabatha inxenye yobukumkani bakhe. Kwamqhubela

kwindawo yokude angabi nakucinga ngama-Ishmayeli awayeyakumkhuthuza entlango, kwezo ntsuku zakhe zingamashumi alithoba phezu komqolo wenkamela enqumla iNtlango yeSahara. Ukuzilahlela! Uyaya, nakanjani. Waze wathi akufika apho, kwakungekho nto yayifihliwe kuSolomon koko wamxelela izinto awayefuna ukuzazi. Ukuzilahlela! UYesu wathi, "Uyakuvuka ngoMhla woMgwebo, kunye nesi sizukulwana, asigwebe, kuba omkhulu kunoSolomon wayelapha." Ukuzilahlela!

141 Xa ndivala ndisenokuthetha oku. Kungekudala kwixesha elidlulileyo, ezantsi eMexico, ndabona into ethile yokuzilahlela. Ndandisandula ukufika eqongeni, apho kwindawo enkulu yemidlalo, abantu babelapho ukususela ngentsimbi yethoba ngaloo ntsasa, kwaye ngoko kwakumalunga nentsimbi yeshumi ngobo busuku. Indoda endala eyimfama, kubusuku obungaphambi kobo, iyimfama ngokupheleleyo isithuba esimalunga namashumi amathathu eminyaka, yamnkela ukubona kwayo, yayihamba ijikeleza esixekweni ngaloo mini, ingqina. Isitha esidala seempahla, sihleli apho mhlawumbi amashumi amathathu, okanye amane eeyadi, siphakame *kangaka*, izityali nje ezindala. Kwakukho mhlawumbi amashumi amane, amashumi amahlanu amawaka abantu apho. Neminqwazi emidala neetyali, eyayizezabo, ndiyaqikelela ukuba kwakufanele ukuba bagqibe ngazo phakathi kwabo. Yabe igalela imvula.

142 Baze bandihlisa ngentambo, ngaphaya kodonga, ndaya kufika eqongeni. Umlungiseleli . . . Indoda eyayihleli apha, bamzisa . . . Inguye nentombi yakhe bevela ezantsi eMichigan imizuzu embalwa edlulileyo, wathetha malunga noMzalwana u-Arment. Siyamkhumbula apha. Ukwisitalato soBuqaqawuli ngokuhlwanje. UMzalwana Arment wayelapho, waze wakhulula idyasi yakhe, wema emvuleni, wayinika uMzalwana uJack Moore ukuba ayinxibe, kuba uJack wayengcangcazela. AbaseMazantsi babesele beza koma yingqele kuloo mvula ibandayo apho eMexico. Yayinguye lowo emi apho.

143 Kwaye uBilly Paul weza kum, unyana wam, wathi, "Tata, kuyakufuneka wenze into. Kukho umfazi omncinane womMexico phaya ezantsi onosana olufileyo olufe ngale ntsasa. Andinamadikoni aneleyo akumbamba ukuba aphume emgceni." Ukuba ukubeka izandla kulaa ndoda kwayinika ukubona kwayo, ukubeka izandla kusana lwakhe olufileyo kwakunolinika ubomi balo. WayengumKatolika. Kwaye, yena, babengenakumbuyisa umva.

Waze uMzalwana u-Espinoza nabanye bamxelela ukuba, "Asisenamakhadi omthandazo aseleyo. Kuyakufuneka ulinde kude kube bobunye ubusuku."

144 Wathi, "Usana lwam lufile. Lufe ukususela ngale ntsasa. Ndinyanzelekile ukuba ndingene phaya." Wayesiza ke, ikhadi

lomthandazo likho lingekho. Bababeka emgceni ngokulandelelana amadikoni amalunga namakhulu amathathu awayelapho. Wayephuma nje kanye phantsi kwemilenze yawo, aze axhumele emqolo kuwo, abaleke nolu sana lufileyo, aze awe phakathi kwawo. Kwakungenzi mahluko oko kuye; wayezama ukufika phaya. Wayezilahlele. UThixo wathetha entliziyweni yakhe, esithi, "UThixo unokuphisa ngokubona, angaphisa ngobomi." Owu, bethu! Wayezilahlele. Kwakukho into evuthayo ngaphakathi kuye.

145 Owu, bantu bagulayo, ukuba ningavumela oko kutshiseka ngaphakathi kwenu okwemizuzu embalwa, nikhangele ukuba kuyakwenzeka ntoni na, olo hlobo lokuzihlalela. UThixo owayenokuphilisa le nkwenkwe incinane ngobunye ubusuku, owayenokuphilisa ela nenekazi lalinomhlaza, aphilise le ndoda, enze oku, uNkosz. Florence Nightingale, owu, amashumi amawaka! Yena, lo, ubungqina obungenakuphikiswa; evusa abafileyo, ephilisa abagulayo, nayo yonke enye into. Ukuba UnguThixo, onokwenza loo nto; UnguThixo izolo, UnguThixo namhlanje, yibani nokuzilahlela, naye niyakufumana okuthile okunokwenziwa.

146 Ngoko, koko kuzilahlela, wathi gqolo engxamile. Ndathi kuMzalwana Jack Moore, ndathi, "Akandazi. Akazange andibone. Akazi ukuba ngubani na lo ulapha phezulu eqongeni. Laa mfazi mncinane womKatolika, ngoku, wayengakwazi nokuthetha igama elinye lesiNgesi, ngoko uyakwazi njani na ukuba ngubani na?" Ndathi, "Yihla uthandazele olo sana, kwaye loo nto iyakumanelisa, uyakuhamba ke." Wathi, "Loo nto ayiyi kubanga . . ." Yayiyingxolo nje eqhubekayo phaya ezantsi. Wayexhuma enyuka, waye wonke umntu wayesuka akhale. Wayebaleka edlula phezu kwamagxa abo, abuye awe phakathi kwabo. Aze afumane iinyawo ezimbalwa ukubheka phambili, baze bazame ukumtyhala abuye aphumele ngaphandle; nanko ebuya kanye phakathi kwemilenze yabo, ephethe olu sana, ephazamisa amadikoni nayo yonke enye into. Oko kwakungenzi mahluko, wayenyuka esiya apho phezulu. Kwakunyanzelekile ukuba afike! Akwenzi mahluko nokuba kwakuyintoni na, wayezakufika phaya. Enomlungiseleli . . .

147 Ngoku ayilobali nje elifana nomfazi waseShuneme elo? Kuphela, oko kwakumalunga namashumi amathathu anesihlanu amakhulu eminyaka eyadlulayo. Oku kwakumalunga neminyaka emithathu edlulileyo, okanye emine. 'Yabona?

Basenokuba yinto enye ngokuhlwanje. Xa ukuzilahlela okufanayo kuthe kwavela, kuyakufaka uthando nokholo apho kwelo thafa ledabi, ukuze ubange oko ukufunayo, ngokuba kusisithembiso sikaThixo ukuba ungakufumana. Injalo kanye loo nto.

148 Ndajika; mna, umlungiseleli okanye umvangeli waloo ndawo. Ndajika. Ndamsizela loo mfazi, kodwa akukho kuzilahlela. 'Yabona? Ndajika ndacinga, "Ke, Mzalwana Jack uyakumthandazela, kube—kube kuphelile." Ndajika ndathi, "Njengokuba ndandithetha ngoku, ukholo . . . "

Ndajonga phaya phandle, nanko umbono. Ndabona usana oluncinane luhleli apho, ubuswana obumnyama, usana lwaseMexico lungenamazinyo. Lwalundihleka, luhleli phaya phandle. Ndathi, "Yima umzuzu. Yima umzuzu." Ukuzilahlela kwakhe kwaqhuba uMoya oyiNgcwele ukuba uguqule ingongoma yam, kwatshintsha amehlo am kwandibonisa usana lwakhe luhleli apho. Kona kwathumela uMoya wabuya. Ndathi, "Yima umzuzu. Yima umzuzu. Ndiziseleni olo sana."

Nanko esiza nento encinane emanzi, evuza amanzi, kwingubo eluhlaza namhlophe, into encinane, efileyo emalunga *kangaka* ubude. Wawa, enomnqamlezo ezandleni zakhe, okanye i-rosari, ukuze enze aba "ah Mariya." Ndamxelela, "Yibeke phaya, loo nto asiyomfuneko."

Wenyuka wasondela apho ndandikho, waze wakhala wakhwaza, "Pader," into ethetha, "Father."

Ndathi, "Musa ukuthetha loo nto. Musa ukuthetha loo nto. Uyakholwa?" Kwaye wayithetha loo nto yena ngeSpanish kuye, kuba wayekholwa.

"Ewe," wayekholwa. Wambuza ukuba angakholwa kanjani na. Wathi, "Ukuba uThixo anganika ela xhego ukubona kwalo, angalunika usana lwam ubomi." Amen. Ukuzilahlela kwamqhubela kuloo nto. Kungekho nto konke kwelam icala; ndabona nje umbono.

Ndathi, "Nkosi Yesu, ndibone umbono wosana oluncinane, isenokuba lolu."

Malunga nelo xesha lwakhabalaza iinyawo zalo, lwathi, "Wha! Wha! Wha!"

Ndathi, "Landela ugqirha. Fumana okubha-. . . ingxelo ebhaliweyo esuka kugqirha, 'Ukuba usana belufile," kwaye ugqirha wayibhala loo ngxelo, "Ukuphefumla kolwa sana, intliziyo ime ngale ntsasa, e-ofisini yam malunga nentsimbi yethoba, lwafa lunesifo sengqele esiphinda-phindeneyo." Owu, usana olo luyaphila eMexico ngokuhlwanje, ngokokwazi kwam. Kuba? Ukuzilahlela kwangena loo ntliziywana kamama omdala, elilela usana lwakhe, owayebone uThixo esenza . . . ephilisa amehlo endoda eyimfama, waze wazi ukuba Angaluvusa usana olufileyo.

149 Ukuzilahlela! "Xa nithe naNdifuna ngentliziyo yenu iphela, ndiyakuniva." 'Yabona?

150 UBukumkani! "Umthetho nabaprofeti kwabakho kwade kwanguYohane. Ukusukela ngoko, uBukumkani baMazulu

bushunyayelwe, abantu bangena kuBo ngogonyamelo.” Awumi nje uthi, “Nditsale ngentamo, Nkosi, undityhale ndingene phakathi.” Uyanyanzela ukungena kuBo. Uba nokuzilahlela, phakathi koBomi nokufa.

151 Ndinqwenela ukuba ndibe bendinexesha lelinye ibali, ebendilicinga khona ngoku, lo mfazi, intombazana, eyathabatha indlela engeyiyo, nendlela eyathi ngayo yabe iguqule amakhasi amatsha nezinto ezinjalo, yade ndathi, “Dade. . . ”

Yaphakama yathi, “Ndi—ndiyakholwa ukuba ndizakuphila.”

Ndathi, “Hayi, hayi! Hlala apho.”

Yaye ngoko, into yokuqala uyazi, yaqalisa ukuthandaza kancinane, kwaze ngokuthe gca yaye ikhwaza ngokukhwaza. Emva komzuzwana yaba nokuzilahlela, yathi, “Owu Thixo, ndisindise!”

152 IQumrhu leZiyobisi lalingenakulinyanga. Akukho nto iyenye inokwenza oko. Kodwa lawo makhulu, amehlo amnyama ekhangele kum, iinyembezi zisihla ngezidlele zakhe; wathi, “Kukho into eyenzekileyo.” Owu, ewe! Ewe, mhlekazi! Kukho into eyenzekileyo. Waba nokuzilahlela.

153 Masibe nokuzilahlela malunga noku; phakathi kokufa noBomi.

154 Ukuba awukwazi ukuzilahlela, musa ukuza apha. Ukuba uzilahlele, yiza apha ukhangele, u—uyakufumana into kanye nje ukuba ufike apha.

155 Masithandaze. Ngokuzilahlela khangela uBukumkani bukaThixo, buyakuza phezu kwakho.

156 Bawo wethu waseZulwini, ndiKuthandaza eGameni likaYesu, yiba nenceba kuthi, Nkosi. Uqalise ngaphakathi kuthi ukuzilahlela. Owu Nkosi Thixo, yiba nenceba kuthi, ndiyathandaza, wenze ukuba abantu baKufune ngokuhlwanje ngeentliziyo ezizilahleleyo. Siyazi ukuba Ulapha, Nkosi. Isekwanguwe izolo, namhlanje, nangonaphakade.

157 Ke ngoku banga a-ba bantu banoMqondiso, bathe bedlula ekufeni bangena eBomini, baguqukileyo ukusuka kubomi obudala behlabathi ukuya kobutsha. Benze njalo. IGazi lidyojiwe; kwaye, Thixo, banike uphawu loMqondiso. Banga bangathabatha uMqondiso bawubeke ezandleni zabo, abo bagulayo, bathi, “Ndiyimveliso ethengiweyo kaThixo. NdikuKristu, kwaye kuYe akukho kugula. NdikuKristu, kwaye kuYe akukho sono. NdikuKristu, yaye kuYe akukho kungakholwa. Ndisingela phantsi yonke into athe umtyholi wandixelela yona. Ndithabatha uMqondiso wam athe owam. . . ‘Wahlatywa ngenxa yezikreqo zam; Watyunyuzwa ngenxa yezenzo zam ezigwenxa; ubetho loxolo lwam lwaba

phezu kwaKhe; nangemivumbo yaKhe ndaphiliswa.' Kwaye ngoku ndibambe uMqondiso, athe uThixo ngokuba uThixo undiqaphele, loo njongo, uMntu, othengwe ngeGazi leNkosi uYesu. Kwaye ndibambe uMqondiso wokufa kwaKhe ezandleni sam, ngokuba Wavuswa kwakhona, kwaye ndingowaKhe Yena ungowam. Ndihamba ndinokholo oluzimiseleyo, ngokuba ukusukela ngobu busuku ukuya phambili, ndiyakholwa kuThixo, kwaye ndiyakuphiliswa ndakufika apho ndihlangabezane noko kuyimfuneko."

Ngokuba, aMazwi okugqibela awawa kwimilebe yaKhe, yayingala, "Ukuba bathe babeka izandla kwabagulayo, baya kuphila." Siphe oko, Nkosi. Kwanga kungena ukuzilahlela, kuba sikucela eGameni likaYesu. Amen.

Ndinako, ndiyakwenza, ndiyakholwa;
Ndinako, ndiyakwenza, ndiyakholwa;
Ndinako, ndiyakwenza, ndiyakholwa
Ukuba uYesu uyandiphilisa ngoku.

Owu, ndinako, ndiyakwenza, ndiyakholwa
Ndinako, ndiyakwenza, ndiyakholwa;

Cinga nje, "Ndizimisele!"

Ndinako, ndiyakwenza, ndiyakholwa;
Ukuba uYesu uyandiphilisa ngoku.

158 Niyakholwa yiloo nto? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] "Ndizimisele! Ndizimisele, ngobabalo lukaThixo, ukuba andisayi kuma kude kubekho iNto endihlelayo. Kwaye ndiya phaya phezulu ukuya kubekwa izandla."

Ngoku, uThixo akazange asilele kuthi. Kwaye ndiyakholwa ukuba uGqirha omkhulu ngoku ukufuphi. Ndiyakholwa ukuba uThixo o-wabhala elaa Lizwi, ndiyakholwa ukuba uThixo o-wenza idini, ndiyakholwa ukuba uMqondiso kaThixo osihlambululayo kwisono ngokuhlwanje, uMqondiso, uBomi baKhe Buqu, bulapha phakathi kwethu. "Ndiyakuba nani, kude kube sekupheleni komhlaba. Kusaya kuba mzuzwana ihlabathi lingabi saNdibona, ke nina niyakuNdibona, kuba Ndiyakuba nani, ndibe kuni, kude kube sekupheleni kwehlabathi." Niyakholwa yiloo nto? [Ibandla, "Amen.—Mhl.] Ndithembele kuYe. Ndiyakholwa ukuba Uyakukwenza oko. Anikholwa? ["Amen."]

159 Ngoku, nje ukuba ndiqalise loo nto, ndibona imibono ivela, amen, imibono ebalulekileyo yeNkosi, ithetha izinto ezibalulekileyo. Amen! Ukuba ndiqalisile kuloo nto, siyakuhlala apha ubusuku bonke. Niyakukholwa? Niyakholwa? Amen! Ndiyakholwa kuloo nto ngentliziyo yam yonke.

160 Inenekazi elincinane eliphaya phandle elivela kuMzalwana Palmer, alazani nam. Livela eGeorgia, kwaye lihlutshwa

yinkathazo yamanenekazi. Ukuba liyakukholwa ukuba uThixo uyakuliphilisa, Uyakuyenza loo nto. Andizange ndimbone loo mfazi ebomini bam, kodwa yiloo nto eyinkathazo kuye.

161 Laa mfazi mncinane, andazi nokuba wakhe wawuva na uMyalezo ngaphambili, okanye hayi, kodwa ngeli thuba bendishumayela apha, ndimbonile. Kholwa nje kuwo ubone ukuba uyinyaniso na. Amen. Ukuba nje ungakholwa! Injalo loo nto.

162 Eli nenekazi lihleli kanye apha emva likhathazwa ngumqolo, lihlupheka kakhulu, igama lalo nguNkosk. Wisdom. Ukuba uyakholwa ngentliziyo yakho yonke, uYesu Kristu uyakukuphilisa. Andizange ndimbone loo mfazi ebomini bam, kodwa uhleli phaya, ehlupheka. Unxibe ilokhwe etyheli. Ingaba kunjalo? Kulungile. Ingaba asazani? Ewe, kulungile, mhlekazi. Ungagoduka, uphile. UYesu Kristu uyakuphilisa. Amen.

163 Omnye umfazi osandula kukubamba oko, inkathazo yomqolo, uhleli ngaphaya. Unenkathazo yomqolo. Unenkwenkwe, yaye ikhathazwa yintloko. Heh-h. Injalo loo nto. NguNkosk. Parker igama lakhe. Ukholiwe ngentliziyo yakho yonke, noYesu Kristu uyakuniphilisa nobabini. Amen! Asazani. Injalo kanye loo nto. Amen! Kholwa ngentliziyo yakho yonke.

164 Nali ixhego lihleli apha emva lisuka eMichigan. Linenkathazo ezindlebeni zalo. Owu, licinga ngamazwi, inkathazo yasemoyeni. Ingaba kunjalo? Uyakholwa ukuba—ukuba . . . Awazi nokuba nguThixo na, okanye yintoni na le ithetha nawe. Uva ingxolo ezindlebeni zakho. Andazani nawe ngokupheleleyo. Ukuba kunjalo, phakamisa izandla zakho, kwaye yiloo nto eyenzekayo. Ayisayi kukuhlupha kwakhona, uYesu Kristu uyakuphilisa.

Niyakholwa kuGqirha omkhulu? [Ibandla liyavuya, lithi, "Amen."—Mhl.]

165 Ndingathetha nawe, kodwa, usuka eNorway, kwaye awunakuyiqonda intetho; lulwimi lwaseNorway. Heh-h. Kulungile, mxelele ukuba agoduke, ekholwa, dade, ukuba uyakwazi ukuluthetha. Mxelele ukuba inkathazo yakhe yentloko iyakumyeka. Ngoku, niyazi ukuba andimazi. Uze apha esuka eNorway, ukuza kuthandazelwa. Buyela emva, uyindoda ephilileyo. Amen.

166 Owu! "UYesu Kristu isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade!" Yintoni na? Yilaa Ntsika yoMlilo. InguMoya oyiNgcwele. Ngulaa Mqondiso, laa Yesu Kristu uyaphila. Kwaye xa abantu, kudala kakhulu, baMbona esenza ezo zinto, waba nokuqonda iingcinga zabo ngokuba WayeliLizwi. "Kwaye iLizwi libukhali kunekrele elintlangothi mbini, lingumcaluli wengcingane ezintso zentliziyon." Amen.

167 Ndibone amanzi esithi tha, nale nkwenkwe iselula isiza. Ivile, yafunda encwadini ngaphaya, yabhala, ngesi-Norway. Yaze yanokuqonda; umntu othile uthethe nayo. Inenkathazo, kodwa, ukuba iyakukholwa ngentliziyo yayo yonke, iNkosi uYesu izakuyiphilisa. Ihambe indlela ende ukuza apha, usizana lomntwana, kuloo nto, luzama ukuzinyakathisa. Kwaye sizakumbeka izandla, emzuzwini nje.

168 Niyakholwa? [Ibandla, "Amen."—Mhl.] Amen! Kumangalisa njani! Owu, bethu! "UGqirha omkhulu ngoku ukufuphi!" Dade, uphi apho akhoyo laa Dade Ungren, nalaa dade ungomnye ukwipiyano? Ndifuna ukuba nize ngokukhawuleza, ukuba ninakho, nisiphe ingoma, "Laa Gqirha mkhulu ngoku ukufuphi, uYesu onovelwano."

169 Ndifuna abantu abakulo mgca *ulapha*, abafuna ukuthandazelwa, bancede behle kweli cala *apha*, ngomgca nje omnye ngexesha. Mzalwana Neville, ungayenza loo nto ukuba unako. Uphi uMzalwana Capps okanye omnye wabo baculisi? Kunjani ngoMzalwana Ungren, okanye uMzalwana Capps, okanye omnye umntu, eze apha, azokucula, asikhokele ngengoma ukuba unako. Ingaba uMzalwana . . . Uphi omnye wabo bazalwana? Kulungile. Kulungile, mhlekazi. Intle loo nto. Kulungile. Wonke umntu esemthandazweni!

170 Khumbulani, ukuzilahlela! 'Yabona ukuba ukuzilahlela kuyakwenza ntoni? Ukuzilahlela kuya kukuqhuba uwele ulwandle. Ukuzilahlela kuya kukuqhuba usuka kwesinye isizwe. Ukuzilahlela kuya kukuqhubela naphi na. Utata othandekayo nentombi yakhe, ngokuzilahlela, bazame ukungena, bangena, nayo yonke enye into, bahlala phantsi nakanjani na; kwimizuzu embalwa edlulileyo uMoya oyiNgcwele wayikhulula loo nto apha enkonzweni, kanye phambi kokuba ndingene apha. Owu!

Eyona ntsholo imnandi yakhe yaculwa,
UYesu, uYesu oyintsikelelo.

UGqirha omkhulu ngoku ukufuphi,
Onovelwano . . .

Nkosi Yesu, siphe, uve umthandazo wesicaka saKho, Nkosi. Ndiyathandaza ukuba Uhlangabezane nomntu ngamnye kwaba sizakubathandazela, eGameni likaYesu.

. . . izwi likaYesu.

Esona singqi simnandi kwiculo leserafi,
Elona gama limnandi kulwimi lomntu,
Owu, eyona ntsholo imnandi yakha yaculwa.

Mabathi abo bazilahleleyo ngoku, abo baziyo ngenene ukuba nizakuphiliswa . . . Cinga nje, ngokokwazi kwam, likhulu kwikhulu elibenjalo, ukusuka kubusuku beCawe ephelileyo, abathe baphiliswa kule veki.

Onovelwano . . .

171 Khangela, Uyeza. 'Yabona, sele Eniphilisile. Uzisa iLizwi laKhe, ALingqinele, Ubonakalisa uBukho baKhe. Akukho mntu unokuzenza ezo zinto ngaphandle kukaThixo. Niyayazi loo nto. Ngumqondiso kaMesiya. Kwaye niyazi ukuba mna andingoMesiya, ngoko nguYe. Ngoku nguYe lo uqondakalisa yonke into kuni.

Ngoku oko kumelwe kukunifaka ekuzilahleleni. Oko kumelwe kukuyifaka umbane le ndawo kuchukumise i . . . Hayi, ngokufana nje no—no—nomcinga womlilo kumbhobho werhuluwa. Ngokuqinisekileyo! Kwaye oko kumelwe kukulidubulisa ukholo, no—nothando nokuzilahlela kuqhubele abantu ngaphakathi kanye eBukumkanini bukaThixo, ukuze bakholwe ngentliziyo yabo iphela. Niyakholwa ngoku, mntu ngamnye kuni? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Kulungile. Ngoku, Billy, bonke bafumene i . . .

172 Tony, khangela apha umzuzu nje. Andikhange ndikubone ixesha elide, kodwa uyagula. Ukhathazwa yinto ethile enjengesisu segazi. Injalo loo nto. Izakuphela. Izakukuyeka. Ndiyibone isihla iphuma kuye, esaqala ukuza apha. Akukho nto inokufihlwa kuThixo khona ngoku. Andikhange ndibone . . . Andikhange ndimbone uTony isithuba seenyanga , ndiyaqonda, kodwa ndibonile ukuba unaloo nto. Ebenayo; akanayo ngoku.

173 Masithobe iintloko zethu. Kungabikho neliso iliso elivuliweyo. Nelinye iliso eliyakujonga. Masithi wonke umntu abe semthandazweni. Aze uBilly Paul okanye uMzalwana Neville abe mnye, abize umgca olandelayo yakuba lixesha. Ngoku wonke umntu abe semthandazweni. Sizakuzama ngoku; lo mgca uphakathi uyakuza ngakwisandla sakho sokhohlo xa ubizwa, ngoko ke u—umgca okwisandla sasekhohlo *ngapha* uze ngakwisandla sasekhohlo sakho xa ubiza. Mzalwana Neville ungabiza.

Ngoku, ingaba kukho abazalwana abathile apha abayakuthanda ukuma apha ukuze babeke izandla kwaba bantu njengokuba bedlula, kunye nam? Nabani na kuni bazalwana abangabalungiseleli, namnkelekile ngenene ukuza nime kunye nam ukuba ninako. Asiyonto yabucala. Ninawo amalungelo okuthandazela abagulayo njengokuba ndinjalo nam.

Ndiyazi ukuba uMoya oyiNgcwele ulapha. Nabani na ongenakuyikholelwa loo nto ikho into engalunganga kuye.

174 Kulungile, masikholwe ngoku ngeentliziyo zethu zonke, ukuba uThixo uyakusipha ezi zinto sizicelayo. Yibani nokholo ngoku. Musani ukuthandabuza.

Yaye wonke umntu makathandaze, omnye athandazele omnye. Yathini iBhayibhile? “Sivume iziphoso zethu omnye komnye; sithandazelane ukuze . . . ”

175 Nina bantu bangena emgceni, nje ukuba ezi zandla zikuchukumise, uhambe uphume apha wonwabe kangako udumisa uThixo okuphilisileyo.

Kulungile, wonke umntu usemthandazweni ngeli thuba uMzalwana uCapps akhokela emaculweni.

Nkosi Yesu, ngoku sincede. Ndiyathandaza, ngeGama likaYesu Kristu, ukuba uMoya oyiNgcwele achukumise umntu ngamnye, kwaye banga bangaphiliswa njengokuba silandela imiyalelo yaKho yokubeka izandla kwabagulayo. Uthe, “Bayakuphila.” Siyakholwa yiloo nto, Bawo, eGameni likaYesu. Amen.

Kulungile, wonke umntu abe semthandazweni ngoku njengokuba siqalisa ukuthandaza. Okokuqala, yinkwenkwe encinane egulayo ekwinqwelo enamavili.

Sibeka izandla phezu kwalo mntwana, eGameni likaYesu Kristu, ukuze abe nokuphiliswa.

Ewe, mhlekazi.

EGameni likaYesu Kristu . . . [UMzalwana uBranham nabalungiseleli babeka izandla phezu kwabo bakumgca wokuthandazelwa, kodwa imithandazo ayivakali. Ibandla liyathandaza lingayekanga ukucula *UGqirha Omkhulu*.—Mhl.]

Eyona ntsholo imnandi yakha yaculwa,
UYesu, uYesu oyintsikelelo.

176 Bangaphi abakholwayo ukuba uThixo unako, uqinisekile entliziyweni yakho, ngesiqiniseko esitywiniweyo ukuba uThixo usiphendule isicelo sakho ngenxa yokuba uthobele iLizwi laKhe? Kwenzekile. Kuphelile. Kwe— kwenzekile. Kholwa kuYe ngentliziyo yakho yonke, ukuba ngumsebenzi ogqityiweyo lowo.

177 Ngoku khangelani kule veki, ukuze xa nibuyela apha kwakhona, nikhangele ukuba kwenzeke ntoni na.

178 Ndiyaqonda ukuba, ngexesha leveki ezayo ndiyakubuya, iNkosi ithandile, ndiyakube ndiqhuba umgca womthandazo kwelinye lala magumbi, kwela gumbi lincinane ndizakulithabatha, niyabona. Ndiyakholwa ukuba lixesha lokucombulula ngoku, uyabona, iyure.

179 Ndifuna ukuza apho ndinokuzisa abantu khona abemnye ngexesha, ndisebenzane nabo ngamnye, ndide ndifunisise ndifumanise malunga noko, baze ke baqhubele phambili ngolo hlobo, ndide ndihlale kanye nabo ngelo xesha.

180 UThixo anisikelele nonke. Sivuya kakhulu ukuba nibe benilapha. Sibe kunye nani . . . Ingaba ninomxhino ngoku?

Ingaba ni . . . Ingaba nisekuzilahleleni, ukuzilahlela kwenu ebeninako ngenxa yempiliso yenu? Ingaba kuphele yonke into ngoku, kuthando nokholo nethemba lokuba uThixo uyakwenza oko Wathembisa ukuba uyakukwenza? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] UThixo uyakuyenza loo nto.

Kwaba bantwana bancinane, kukho isibini okanye isithathu apha ngokuhlwanje, bekwinqwelo ezinamavili, ndi . . . Sizakukholwa ngenxa yabo, bangabantwana, ukuba bayakuphiliswa, nabo. Baza kuphila. Anikholwa? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Amen! "Bayakuphila." Kuyakwenzeka oko kubo. UThixo watsho. Kwaye sizilahlele, saye siyakukholwa kuloo nto ngoku, ukuba iyakwenzeka.

181 Ngoku, iinkonzo zethu zidibanisa nje into enye kanye emva kwenye. Ngoku sizakusindulula isihlwele kwabo bamelwe kukuhamba. Ke ukuba ndibona kakuhle, kumalunga nemizuzu esibhozo kubethe intsimbi yeshumi. Ke, ukuba nizakuhamba, si—siyavuya ukuba nibe benilapha, kwaye sifuna ukuba nibuye nibe kunye nathi. Ninonke, emva kokuba simile, niyakuhlala phantsi kwakhona; ukuze abo bahambayo, bahambe ngokuzole kangangoko kunokwenzeka. Ukuze ke sibe nenkonzo yomthendeleko kwangoko emva kwaloo nto. Niyamenywa ukuba nihlale ukuba ninako. Ukuba aninakho, uThixo anisikelele. Nindithandazele. Ndiyakunithandazela. Kwaye, nikhumbule, nigcine uMqondiso udyojiwe nize nizilahlele ninyanzela ukungena eBukumkanini bukaThixo. Amen!

Ngoku sizakucula iculo lethu lokunduluka, ukuba sinako, yaye, *Thabatha iGama LikaYesu Uhambe Nalo,* sisaphakama.

. . . iGama likaYesu kunye nawe,
Mntwana weentsizi neentlupheko;
Luyakukunika uvuyo nentuthuzelo,
. . . naphi na apho uya khona.

IGama elithandekayo, iGama elithandekayo!
Owu limnandi,
Owu limnandi!
Ithemba lomhlaba uvuyo lweZulu;
IGama elithandekayo,
Owu limnandi, limnandi!
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu.

Xhawula isandla somnye umntu, uthi, "INkosi ikusikelele, mzalwana wam ongumhambi, dade." Ngokunzulu, ngokunyaniseka, ngentlonipho, nangamaqhina obuhlobo bobudlelane boBukristu, xhawula isandla somnye, umzalwana nodade. UThixo anisikelele nonke, nihlangene. Kuyamangalisa!

NdiyaMthanda, ndiyaMthanda
Ngokuba Wandithanda kuqala
Wathenga usindiso lwam
EKalvari emthini.

De sibuye sihlangane! de sibuye sihlangane
De sibuye sihlangane ezinyaweni zikaYesu; de sibuye sihlangane!
De sibuye sihlangane! Owu, de sibuye sihlangane!
UThixo abe nani de sihlangane.

De sibuye sihlangane! de sibuye sihlangane!
De sibuye sihlangane ezinyaweni zikaYesu;
De sibuye sihlangane!
UThixo abe nani de sihlangane.

[UMzalwana uBranham uqalisa uk-ungqumshela u-*UThixo Abe Nani*—Mhl.]

182 Obu bumnandi bobudlelane boMqondiso omkhulu kaThixo, uMoya oyiNgcwele, wanga Angahlala ngokobutyebi nani nonke side sibuye sihlangane kwakhona. Ubabalo lukaThixo luhambe nani, lubethe iindlela zokufa zimnke phambi kwenu; lugabula indlela yenu, ukuze nibe nokubona uYesu njalo phambi kobuso benu, kwaye anisayi kushukunyiswa.

183 Bawo waseZulwini, sinikela le nkonzo, nenkonzo yale ntsasa, ezo nkonzo noko kwenziweyo, nalo lonke uzuko kuWe, sinikela kuWe imibulelo nendumiso ngenxa yokusindisa abantu, nokuphilisa abantu, nokusipha ubabalo lwaKho olukhulu esikhangele kulo sonke. Sisindise. Indlela esiKubulela ngayo ngaloo nto. Yiba nathi ngoku side sihlangane kwakhona. Hlangana nathi emthendelekweni. Yiba phezu kwamavili wabo bazakuqhuba Nkosi, besiya kumakhaya abo. Bakhokele kwezi holide zindlongo-ndlongo, ukuze kungabikho kwenzakala nangozi iyakuza kubo. EGameni likaYesu Kristu siyacela. Amen.

Kulungile, *Thabatha iGama likaYesu Uhambe Nalo,* kwakhona ngoku.

Thabatha . . . IGama likaYesu . . . (likhululwe ngoku, eGameni) . . . uhambe nalo,
Njengekhaka kuso sonke isabatha;
Xa umlingi ekurhangqa . . .

Wenza ntoni ngoko?

Phefumla nje elo gama liNgcwele ngomthandazo.
IGama elithandekayo, iGama elithandekayo! Owu limnandi,
Owu limnandi!
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu;
IGama elithandekayo, iGama elithandekayo! Owu limnandi,
Limnandi!
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu.

EGameni likaYesu siyathoba,
Siziwisa natya ezinyaweni zaKhe,
UKumkani wookumkani eZulwini siyakuMthwesa,
Xa uhambo lwethu luphelile.

IGama elithandekayo, owu limnandi! Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu;
IGama elithandekayo, owu limnandi, limnandi!
Ithemba lomhlaba novuyo lweZulu.

184 Ngoku kanye phambi kokuba sihlale phantsi, ngelithuba isihlwele sisazolayo ngoku silungiselela umthendeleko.

Ukuba andiphazami, asingoMzalwana uBlair lo, umlungiseleli endahlangana naye ngaphaya e-Arkansas kungekudala kwixesha elidlulileyo? Bendicinga ukuba nguye. Bendingaqinisekanga. Ubuze apha phezulu uze kusikelela umntwana, omncinane, kusasanje. Bendicinga . . . Andizange ndihlangane nawe kungekudala kakhulu kwixesha elidlulileyo, apha eHotSprings e-Arkansas? Nawe wawu . . . Kwakukho into eyayizakwenzeka, waze uMoya oyiNgcwele wayibiza. Ingaba kwakunjalo? Kumnandi. Ndithe nje . . . Ndiye ndacinga nje ngoko, ndacinga, "Ngulaa mzalwana lo." Ndiyavuya ngokuba ulapha, Mzalwana uBlair.

185 Ndizakucela uMzalwana uBlair ukuba athandaze uThixo ukuba asicoce ngoku esilungiselela umthendeleko ozakuqhubeka. Ungenza njalo, Mzalwana Blair? [UMzalwana uRichard Blair uyathandaza—Mhl.] Ewe, ewe, Nkosi. Siphe oko, Nkosi. Ewe, Nkosi. Ewe, Nkosi. Ewe, Nkosi. Ewe. Ewe. Amen.

Ningahlala phantsi ngoku, ngabanye.

186 Ke ngoku kwi-ogani, dade, ukuba nje nonke ningadlala *Kukho Umthombo Ozaliswe Ligazi*. Ke ungaqala ngeyakho . . . uyise apho, nokuba kuyintoni na ukuba kuyimfuneko. Kulungile, isifundo ngoku, ukuba siyakuba . . . siyakuzola okomzuzwana.

Ewe, dade? [Kukho udade othi, "Ndingayifumana itshefu?"—Mhl.] Kulungile, dade, ungakhangela nje apha ude uyifumane, kuyakulunga ngoko, nokuba yintoni na ilapho. Yiyo leyo? Kulungile, dade.

187 Kulungile, uMzalwana Neville uzakufunda inkqubo yomthendeleko.

Ke ngoko amadikoni azakuza, ukuba kukho abasemzini abalapha, kwisitulo ngasinye, azise kumgca ophakathi nomgca, njengokuba sisiza, ngokulandelelana ngomgca, ukulungiselela umthendeleko.

188 Ke ngoku nanga ningacamngca ngoku. Khumbulani, uSirayeli wawudla esekuzilahleleni, yaye kulo lonke uhambo

akuzange kubekho namnye ubuthathaka kubo, ekupheleni kweminyaka engamashumi amane. Le yimpiliso eNgcwele, kananjalo.

INkosi ikusikelele, Mzalwana Neville. [UMzalwana uNeville ufunda esi Sibhalo silandelayo, amaKorinte okuQala 11:23-32.—Mhl.]

Kuba mna ndakwamnkela kuyo iNkosi oko ndikunik-elayo nokukunikela kuni, Oko kuba iNkosi uYesu ngobusuku eyanikelwa ngabo yathabatha isonka:

Yaza yakuba ibulele, yasiqhekeza, yathi, Thabathani, nidle: ngumzimba wam lo, owaphulelwa nina: oku kwenzeleni ukundikhumbula.

Kwangokunjalo yathabatha nayo indebe, emva kokuba kudliwe, isithi, Le ndebe ingumnqophiso omtsha osegazini lam: ngamaxesha onke enisukuba niyisela, oku kwenzeleni ukundikhumbula.

Kuba ngamaxesha onke enisukuba nisidla eso sonka, niyisele loo ndebe, niyakwazisa ukufa kweNkosi ide ifike.

Ngoko ke osukuba esidla eso sonka, ayisele indebe yeNkosi, ngokungafanelekileyo, woba netyala lomzimba negazi leNkosi.

Makazicikide ke ngokwakhe umntu, aze ngokunjalo adle kwisonka eso, asele kwindebe leyo.

Kuba lowo udlayo uselayo ngokufanelekileyo, uzidlela aziselele ukugwetywa, engawucaluli nje umzimba weNkosi.

Ngenxa yoku baninzi phakathi kwenu abaswele amandla nabayimilwelwe, banele nabalele ukufa.

Kuba xa besizicalula, ngesiba asigwetywa.

Sigwetywa nje ke, siyaqeqeshwa yiNkosi, ukuze singasingelwa phantsi ndawonye nehlabathi.

[UMzalwana uNeville uthi, "INkosi isikelele ukufundwa kweLizwi." Aze uMzalwana uBranham athabathe itray enesonka esiqhekeziweyo.—Mhl.]

189 Ndiphethe isonka somthendeleko, sishwabene siqhekekile simele umzimba kaYesu Kristu; ngeso—ngeso sigubungelo sikrazulweyo sinendlela yokuya kwiNgcwele yeengcwele.

190 Bawo wethu waseMazulwini, esi sonke silungiselelwe ukuba simele lowo wophukileyo ukrazulwe umzimba. Sanga ngabanye, njengokuba sisizuza, akwaba bekuyakufana nokuba besiyenzile loo nquleqhu. Kwaye akwaba besiyakuba noxolelo lwezono zethu, nendlela eya kwiNgcwele yeengcwele, ukuze sihlale kuBukho baKho kubomi bethu obuzayo; nayo yonke

imihla esizakuyiphila apha emhlabeni, size sibe naWe kubomi obunguNaphakade. Siphe, Bawo. Sikelela esi sonka loo njongo sisekelezelwe yona. EGameni likaYesu. Amen.

191 [UMzalwana uBranham uthabatha itreyi yeeglasana ezincinci ezizaliswe ngewayini.—Mhl.] IBhayibhile yatsho ukuthi, "Emveni kokuba Esithabathile wasiqhekeza isonka, kwangokunjalo Wathabatha indebe; akuba edlile, wathi, 'Le yindebe yoMnqophiso Omtsha osegazini lam, elaphalalela nina.'" Yanga iNkosi ingaphisa ngeentsikelelo zaYo phezu koku sisathandaza.

192 Nkosi Yesu, ndiphethe apha igazi lomdiliya, incindi evela kwidiliya. Kwaye, Bawo, imela elo Gazi linqabileyo lisenza msulwa thina, nalapho kwathi kwavela khona uMqondiso. Ndiyakubulela ngaLo, Bawo, kwanangalo mqondiso. Wena watsho ukuthi, "Lowo ukudlayo aze akusele Oko unoBomi obunguNaphakade, kodwa ndobuya ndimvuse kwakhona ekupheleni kwexesha." SiYakubulela ngesi sithembiso. Kwakhona, Bawo, siyakuthanda ukuba Uzihlambulule iintliziyo zethu, sihlanganisene, ukuze sibenoku kufaneleka ngo. . . kholo lwethu, sisazi ngaphakathi kwethu ukuba asifanelekanga, kodwa ukholo lwethu aluyikusilela, ukuba silamnkele ngokugqibeleleyo iGazi likaYesu Kristu. Siphe oko, bawo.

193 Kwaye yingcwalise le wayini ukuphumeza injongo yoko ithetha kona. Akwaba nabani na oyiselayo le wayini ngokuhlwanje, aze athabathe esi sonka, anganamandla olo hambo lulele phambi kwakhe. Siphe, Nkosi. Akwaba bebeyakuphila bomelele, bazaliswe nguMoya waKho, de uYesu abuye. Amen.

Ukuzilahlela, Umq. 9 Inani 2
(*Desperations*, Vol. 4 No. 1R)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham owawushunyayelwe ekuqaleni ngesiNgesi ngeCawe ngokuhlwa umhla wo-1 kuSeptemba, mgowe-1963, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, e-Indiana, eMelika, wathatyathwa kwisishicileli-mazwi washicilelwa ungafinyezwanga ngesiNgesi. Le nguqulelo yesiXhosa ipapashwe ngowe-2000 ngabe:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org